OKUQULATHIWEYO

1. INGCACISO NGOKUBANZI 3
1.1 Umbono, uMnqophiso neeMpawu zeNtsulungeko 3
1.2 Ubume beQumrhu 5
1.3 Imithetho eGunyazisayo 6
1.4 Ukungeniswa kweNgxelo yoNyaka kwiSigqeba esiLawulayo 8
1.5 Imbulambethe kaSihlalo 9
1.6 IiNjongo ezinguNdoqo 10
1.7 INgxelo yoXanduva 10
1.8 Isiseko solungiselelo lweeNgxelo zeMali zoNyaka 11

2 INKCAZELO NGEENJONGO EZIBEKIWEYO
2.1 Ukwenziwa koMsebenzi ngokuBanzi 12
2.1.1 Iimali ezabelweyo 12
2.1.2 IiNjongo ezijoliswe kwiziphumo eziliqili 12
2.1.3 Ushwankathelo lweMeko yoNikezelo lweeNkonzo 12
2.1.4 Ushwankathelo lweMeko yeQumrhu 18
2.1.5 Iindawo eziPhambili kuPhuhliso loMgaqo-nkqubo neeNguqu kwiMthetho 22
2.1.6 INgeniso neNkcitho 23
2.2 Indlela oQhube ngayo uMsebenzi 25
2.3 Eminye iMisebenzi eyeNziweyo 28

3. INGXELO-MALI YONYAKA
3.1 INgxelo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi 31
3.2 INgxelo yeGosa elinoXanduva 34
3.3 INgxelo yoMpicothi-zincwadi Jikelele 39
3.4 INgxelo-Mali yoNyaka 42

4. ULAWULO LWEZABASEBENZI
4.1 Iintlanganiso zeLifa leMveli leNtshona Koloni 59
4.2 Ukwenziwa komsebenzi 59

5 EZINYE IINKCUKACHA
5.1 Izishunqulelo 60
5.2 Uluhlu lweenkcukacha zoqhagamshelwano 60
5.3 Ingcaciso eyangezelelweyo 60

# 1. INGCACISO NGOKUBANZI

## 1.1 Umbono, uMnqophiso neeMpawu zeNtsulungeko

Ukukhumbula. Ukuxabisa, ukulondoloza nokulolonga izibonelelo zelifa lemveli ezahlukeneyo zasedolophini nezasemaphandleni zabantu beNtshona Koloni ngukukhuthaza ukuzingca kwilifa lemveli elibambekayo nelingabambekiyo, ingakumbi phakathi kwabo babevinjwe amathuba ngaphambili.

**UMnqophiso**

Ngokusekwa nokulondolozwa kwenkqubo yolawulo oluhlangeneyo lwezibonelelo zelifa lemveli eNtshona Koloni siya kuqinisekisa ngokuchongwa, ngokulondolozwa, ngokukhuselwa nokukhuthazwa kwezibonelelo zelifa lemveli ezilungiselelwe lonke uluntu lwethu ukulungiselela isizukulwana sangoku nesexa elizayo.

**Iinqobo neempawu zentsulungeko**

I-HWC isebenza, kwinkqubo emacandelo mathathu eMzantsi Afrika ukulungiselela ulawulo lwezibonelelo zelifa lemveli, apho imisebenzi yenqanaba lesizwe iluxanduva lweSAHRA, imisebenzi yephondo iluxanduva logunyaziwe wezibonelelo zelifa lemveli wepenzi yengingqi ibe luxanduva loomasipala.I HWC iyinika ingqwalasela into yokuba inoxanduva lwemisebenzi yayo nezigqibo nendlela yokwenziwa kwemisebeni eyabelwe yona phantsi kwale nkqubo.

I-HWC isebenza ngokunjalo ngokwemiqathango yokungundoqo okuchongwe sisicwangciso-nkqubo sophuhliso sephondo kunye nomgaqo-nkqubo “waMathuba kawonke-wonke” worhulumente wephondo.Ngaloo ndlela indima ephambili ekwakheni abantu nentlalo yabo.

**Iinqobo**

- Intlonipho yeyantlukwano kuluntu oluneenkcubeko ezininzi nolawulo lwesininzi ifezekiswa ngokuyila kobume obufanelekileyo ukulungiselela ukuqondana, ubuntu bomphefumlo nolwakhiwo lwesizwe ngokugcinwa, ngokulondolozwa, ukukhuthazwa nokonwabela ilifa lemveli lazo zonke iinkcubeko ezibumba umfanekiso wephondo.
- Uvavanyo lwesibonelelo esibonakalayo selifa lemveli lusekwe kuphando olucokisweyo nolukumaxwebhu, kubandakanywa ukusetyenziswa kwembali enikezelwa ngomlomo nelifa lemveli elibambekayo ukuchonga izibonelelo zelifa lemveli zasemaphandleni nezasedolophini.
- Njengoko izibonelelo zethu zelifa lemveli zizodwa yaye zingenakho ukuphinda ziyilwe ngokutsha xa zithe zonakaliswa okanye zatshatyalaliswa, ukulondoloza kwazo lunezinto ezirheshayo ngendlela elwenziwa ngayo ucwangciso nophuhliso loqoqosho nezibonelelo.
- INkqubo yokuchonga, yovavanyo, yolondolozo nolawulo lwezibonelelo zelifa lemveli kufuneka lubandakanye ukuthatyathwa kwenxaxheba luluntu njengoko kuchaziwe kwiNHRA.
- Ukuthatyathwa kwezigqibo okubhekiselele kuvavanyo okubonakalayo lwezibonelelo zelifa lemveli luqhutywa liBhunga leHWC neekomiti, ngomoya wentsebenziswano, wolungelelwaniso, wonxibelelwano nohlanganiso kunye namanye amasebe ephondo noomasipala.

**Iimpawu zentsulungeko**

- Indlela epheleleyo nebanzi yolawulo lwezibonelelo zelifa lemveli ethi ikhuthaze ulungelelwaniso, unxibelelwano nohlanganiso
- Ukunikezelwa kwenkonzo okusebenzayo, okufanelekileyo nokunoxanduva lwentlalo ngokusetyenziswa kothelelwano nolawulo lwentsebenziswano
- Uthethwano loluntu ngokusetyenziswa kothungelwano, uthelelwano nolawulo lwentsebenziswano.
- Ikhono lokuyila, ukuzinikela nokuzimisela lokufumana izisombululo zokulondoloza nokulawula iingxaki ngokusebenzisa uphuhliso lwabasebenzi
- Ukuthabatha uxanduva nokuzenza izinto phandle
- Uxanduva, inkxalabo nomdla wezibonelelo zelifa lemveli zalo lonke uluntu, ingakumbi ngokubhekiselele kuphuhliso lwentlalo yoluntu.

## 1.2 Ubume Bequmrhu

ILifa leMveli leNtshona Koloni lasekwa kweyeDwarha ngowama-2002 ngokuhambelana necandelo lama-23 loMthetho weZibonelelo zeLifa leMveli weSizwe (onguNombolo 25 we-1999) kunye nemithetho equlunqwe ngokuhambelana neSaziso sePhondo 336 ze sapapashwa kwiGazethi yePhondo 5937 wama-25 Oktobha 2002.



## 1.3 IMithetho eGunyazisayo

**IMithetho yeSizwe**

| | |
|---|---|
| UMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika | UMthetho we-108 we-1996 |
| UMthetho wamaZiko eNkcubeko | UMthetho we-119 we-1998 |
| UMthetho wokuKhuthazwa kweNkcubeko | UMthetho wama-35 we-1983 |
| UMthetho weNkcubeko, iNkolo noLwimi loLuntu lweNgingi | UMthetho we-19 wama-2002 |
| UMthetho woNxibelelwano lweElektroniki neNtengiselwano | UMthetho wama-25 wama-2002 |
| UMthetho weSicwangciso-nkqubo soBudlelwane booRhulumente | UMthetho we-13 wama-2005 |
| UMthetho wooVimba beSizwe woMzantsi Afrika | UMthetho wama-65 we-1989 |
| UMthetho weBhunga leLifa leMveli weSizwe | UMthetho we-11 we-1999 |
| UMthetho weZibonelelo zeLifa leMveli weSizwe | OnguNombolo 25 we-1999 |
| IMimiselo yeCandelo loLawulo-mali leSizwe | IGazethi 27388 we-15 kweyoKwindla wama-2005 |
| UMthetho wokuKhuthazwa kwelungelo lokufumana iNgcaciso | UMthetho we-2 wama-2000 |
| UMthetho wokuKhuthazwa koLawulo loBulungisa | UMthetho we-3 wama-2000 |
| UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente | UMthetho woku-1 we-1999 |
| UMthetho weBhunga laMagama eNdawo woMzantsi Afrika | UMthetho we-118 we-1998 |
| UMthetho weNgqungquthela yeLifa leMveli yeLizwe | UMthetho wama-49 we-1999 |

**UMthetho wePhondo**

| | |
|---|---|
| UMgaqo-siseko weNtshona Koloni | UMthetho we-108 we-1996 |
| | UMthetho woku-1 we-1998 |

| | |
|---|---|
| UMthetho weKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni neBhunga leNkcubeko leNtshona Koloni we-1998 | PN 336 yama-25 kkweyeDwarha yowama-2002<br>PN 298 yama-29 kweyeThupha ngowama- 2003<br>PN yama-2004<br>PN yama-2005 |

## 1.4 Ukungeniswa kweNgxelo yoNyaka kwisiGqeba esiLawulayo

Ngokuhambelana necandelo lama-55(1) (d) loMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, we-1999 (uMthetho woku-1 we-1999) necandelo lama-28(2) yeMithetho yeCandelo loLawulo-mali leSizwe, ndingenisa ingxelo yonyaka ngemisebenzi yeLifa leMveli leNtshona Koloni kunye neengxelo zemali eziphicothiweyo ezilungiselelwe unyaka-mali wama-2011/12kuMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko, iMidlalo noLonwabo, uGq Ivan Meyer,kunye nePalamente yePhondo leNtshona Koloni.

Ilifa leMveli leNtshona Koloni lasekwa njengogunyaziwe wezibonelelo zelifa lemveli lephondo ngomhla wama-25 kuOktobhawama-2002 (Khangela iSaziso sePhondo 336 saloo mhla esipapashwe ngokuhambelana necandelo lama-23 leNHRA).Kulo nyaka likhumbula iminyaka yalo elishumi yokuqala yenkonzo kubantu baseNtshona Koloni.

Ngeli thuba imilisele ngempumelelo isigunyaziso salo sokuchonga, ukukhuthaza, ukukhusela, ukulondoloza nokulawula izibonelelo zelifa lemvelo kwiphondo.IBhunga lalo nabasebenzi baseke ngokuqinileyo izicwangciso-nkqubo ezithi ziqinisekise ngento yokuba lililo yaye bawenze umbutho wangulowo othi uqondwe nengomisela isantya ekuqhutyelwa phambili ngaso kwicandelo lalo.Ngeli thuba owona msebenzi ungundoqo wombutho ngulo yaye kufuneka uhlale ulondoloza ilifa lesizwe kwiphondo, iLifa leMveli leNtshona Koloni ngokunjalo linikele kushishino lokhenketho ngokuqinisekisa into yokuba izibonelelo zeliffa lemveli zikho zilungiselelwe abatyeleli ukuba bazibone yaye bazixabise.Iwubone ngokunjalo umsebenzi walo ikukukhusela oko kubalulekileyo kuluntu njengomnikelo kuzinzo lwentlalo, ilinike ikhono lokudlala indima kwiinkqubo zobandakanyo loluntu borhulumente bephondo.

Unyaka-mali wama-2011/12 ube ngunyaka wophononongo nenguqu ekuthe kwabonwa inguqu yeendlela zokusebenza kubasebenzi nakwiikomiti zeBhunga.Oku kuphenjelelwa kukuqaliswa kwimigaqo-nkqubo emitsha nehlaziyiweyo kunye neenkqubo ezilelwe ukuqinisekisa ngento yokuba umbutho unceda uluntu ngokusebenza ngentembeko nangokufanelekileyo.

Impumelelo yonyaka, echazwe kule ngxelo, ibe ingenakho ukufezekiswa, okanye imingeni ekuhlangatyezenwe nayo yayingenakho ukusonjululwa ngaphandle kwenkxaso yabasebenzi abasebenza nzima, iBhunga namalungu eekomiti zalo athe anikela ngenkululeko ngexesha lawo nobuchule, kunye nesebe elingunozala, ingakumbi iCFO nabasebenzi bakhe, noMphathiswa ngenkxaso yakhe evuselelayo. Umbulelo wam ongazenzisiyo uya kubo bonke kunye nabanye abaninzi abathe bamenza unyaka wama-2011/12 wayile nto uyiyo.

Silindele lukhulu kwishumi leminyaka lesibini lethu lenkonzo.

ANDREW HALL
IGosa eliPhezulu eliPhetheyo noGunyaziwe onika iNgxelo
ILifa leMveli leNtshona Koloni

## 1.5 Imbulambethe kaSihlalo

Kwesi sithuba sonyaka-mali wama-2011/12 iBhunga neCEO yeLifa leMveli leNtshona Koloni liqukumbele unyaka wabo wokuqala beseofisini.Ibe sesinye sezifezekiso esibalulekileyo ngokuhambelana nomgaqo-nkqubo nenguqu yolawulo exhibe ukuwenza umbutho ube sisicaka esilungileyo nesifanelekileyo soluntu.

Iinkqubo zokusebenza zombutho ziphononongwe, ngokuhambelana neajenda ethiwe thaca liBhunga kwisiqingatha sesibini sonyaka-mali ongaphambili yaye uthe wanceda iHWC ukuba inikezele ngenkonzo engcono kulo lonke uluntu oluxabise ilifa nabo lemveli kunye nabo benza izicelo kulo ukuze bafumane umsebenzi kumaziko anexabiso lelifa lemveli.Ngokwenza njalo iBhunga libonise ukuzibophelela kwalo ekuyileni amathuba amaninzi ukulungiselela uthethwano olumalunga nekamva lezibonelelo zelifa lemveli nokuqinisekisa ngento yokubq izicelo ezenziwe kumbutho ziqwalaselwa ngokufanelekileyo.Ngokubanzi, ixesha eliphakathi kokungeniswa kwesicelo nokunikezelwa kwezigqibo ziikomiti kwenzkwa ngokukhawuleza yaye kube nokuxelwa kwangaphambili.Injongo yokuthatyathwa kwenxaxheba luluntu yaqhutyelwa phambili yiNtlanganiso yeZibonelelo zeLifa leMveli leNtshona Koloni eyabanjelwa ngoJulayiwama-2011 kwiphulo loMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko, iMidlalo noLonwabo, uGq Ivan Meyer.

Kumba wophuhliso lomgaqo-nkqubo inkqubela phambili enkulu yenziwe.IBhunga lawusebenzisela unyaka ukuseka izicwangciso-nkqubo ukulungiselela imisebenzi yalo kunye neekomiti zalo ngokwamkela iKhowudi yokuZiphatha nokuseka imithetho yocwangco neyokuqhuba iintlanganiso.Ngokufanayo umnqophiso wokusebenza kwabasebenzi uphuhlisiwe ngabalawuli nabasebenzi, uthi thaca indlela abasebenzi bombutho bajongana ngayo nezicelo.Le miqathango isisiseko esilungiselelwe ukusekwa kwendlela ecacileyo yokusebenza kwamacandelo eHWC yaye ibeka isiseko sokuphuhliswa komgaqo-nkqubo kweminye imimandla.

Olunye uphuhliso olubalulekileyo ibe kukuyilwa konxibelelwano olucacileyo nolwenziwa rhoqo neSAHRA ngokusekwa kweforam yabasebenzi abakwinqanaba eliphezulu namalungu ebhunga emibutho yomibini.Oku kuncede imibutho emibini ukuba ixoxe yaye isombulule imiba enenkxalabo efanayo yaye ibe luncedo ekuyileni inkcazelo elungiselelwe uluntu kwimibangla apho ulawulo belungaqinisekanga. Ndithabatha eli thuba ndibulele iCEO yeSAHRA ngokuvumela unxulumano kunye neHWC nemiba yayo.

Ndibulela iCEO yeHWC, uMnu Andrew Hall kunye nabasebenzi bakhe ngomsebenzi wabo wokuzinikela, amalungu akhe eBhunga neekomiti zabo ngokunjalo noMphathiswa wethu, uGq Ivan Meyer, ngenkxaso yakhe exabisekileyo kuyo yonke imiba ephathelelene nezibonelelo zelifa lemveli.

ADV. RONÉE ROBINSON
USihlalo, iLifa leMveli leNtshona Koloni

## 1.6 IiNjongo ezingundoqo

1. Ukucebisa uMphathiswa ngokumiliselwa koMthetho weZibonelelo zeLifa leMveli weSizwe, onguNombolo 25 we-1999, kunye nemithetho enxulumeneyo yephondo nengingqi.Ukungenisa ingxelo qho ngonyaka kuMphathiswa ngokuphathelele nemisebenzi yeHWC apha enyakeni.
2. Ukukhuthaza ukuchongwa okulungelelanisiweyo, ukurekhoda nokuvavanya izibonelelo zelifa lemveli nezinto zelifa lemveli eziyinxalenye yelifa lesizwe kwiphondo.
3. Ukukhuthaza ulawulo lwentsebenziswano ukulungiselela ulawulo lwezibonelelo zelifa lemveli kwiphondo nakwinqanaba lengingqi.
4. Ukukhusela nokulawula izibonelelo zelifa lemveli kwiphondo ezithe zazalisekisa iinqobo zokulinganisa ezichazwe phantsi kwecandelo lesi-7(1) ukulungiselela iwonga leGreyidi yesi- 2.
5. Ukuxhobisa nokukhuthaza iingingqi noluntu lwengingqi ukukhulisa nokulondoloza izibonelelo zelifa lemveli labo ukulungiselela into yokokuba zibe nakho ukudluliselwaexa elizayo.
6. Ukuseka umgaqo-nkqubo, iinjongo kunye nezicwangciso zeqhinga ezilungiselelwe ulawulo lwezibonelelo zelifa lemveli kwiphondo.
7. Ukuyila izithethe nemigangatho nokuthabatha amanqanaba ukulungiselela ukulolonga nokulawulwa kwezibonelelo zelifa lemveli kwiphondo.
8. Ukugcina iinkcukacha zolwazi kwikhompyutha ezingezibonelelo zelifa lemveli ngokuhambelana nemigangatho yesizwe kunye, kwizithuba ezilinganayo, anikezele kwiArhente yeZibonelelo zeLifa leMveli yoMzantsi Afrika (SAHRA) ngenkcukacha yolwazi enjalo.
9. Ukuqinisekisa ngobuchule boomasipala ukulawula izibonelelo zelifa lemveli ngokuhambelana nenkqubo yesizwe ukulungiselela ukuhlelwa kwelifa lemveli loomasipala elichazwe phantsi kwecandelo lesi-8(6).
10. Ukulungelelanisa nokubeka iliso kwindlela yokusebenza yoomasipala ekumiliselweni koxanduva lwabo ngokwemiqathango yoMthetho weLifa leMveli weSizwe, onguNombolo wama-25 we-1999 kunye nomthetho welifa lemveli wephondo.

## 1.7 INgxelo yoxanduva

UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, we-1999 (UMthetho woku-1 we-1999) udinga into yokokuba uGunyaziwe oNika iNgxelo ugcina iirekhodi ezipheleleyo nefanelekileyo yemicimbi yemali yombutho. Iingxelo zemali zonyaka kufuneka zibonise, ngokwe-miqathango yeNdlela yokuSebenza yokuNikwa kweNgxelo eYamkelweyo ngokuBanzi (GRAP), ubume kwiHWC, ushishino lwakhe, iziphumo zemali, indlela yokusebenza yeenjongo ezimiselwe kwangaphambili kunye nobume bemali ekupheleni konyaka-mali.

## 1.8 ISiseko soLungiselelo lweeNgxelo zeMali zoNyaka

Isiseko solungiselelo lweengxelo zemali zonyaka zeHWC sithiwe thaca kuMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, onguNombolo 1 we-1999, iMimiselo yeCandelo leMali yeSizwe kunye nemithetho efanelekileyo ebhekiselele kulawulo olufanelekileyo lwangaphakathi ukulungiselela unyino nokuchongwa kwemathiriyeli yeengxelo ezingezizo kunye nelahleko.

## 2. INKCAZELO NGEENJONGO EZIBEKIWEYO

### 2.1 Ukwenziwa komsebenzi ngokubanzi

#### 2.1.1 Iimali ezabelweyo

| ULwabiwo-mali Olungundoqo R'000 | ULwabiwo-mali olulungelelwanisiweyo R'000 | Isixa-mali esisiso esichithiweyo R'000 | Inkcitho engaphezulu / engaphantsi R'000 |
|---|---|---|---|
| 2028 | | 914 | 1 114 |
| | | | |
| **UMphathiswa onoxanduva MEC** | UMPHATHISWA WESEBE LEMICIMBI YENKCUBEKO, IMIDLALO NOLONWABO<br>Gq. Ivan Meyer | | |
| **ISebe elilawulayo** | INKXASO YECFO | | |
| **UGunyaziwe onika ingxelo** | Mnu. A Hall | | |

#### 2.1.2 Iinjongo eziJoliswe kwiziPhumo eziliQili

**Iinjongo eziliqili zeLifa leMveli leNtshona Koloni**

| | |
|---|---|
| **Injongo yeqhinga** | Ukukhusela, ukulondoloza nokulawula izibonelelo zelifa lemveli leNtshona Koloni |
| **Injongo yengxelo** | Ukukhusela, ukulondoloza nezibonelelo zelifa lemveli leNtshona Koloni ukulungiselela izizukulwana zangoku nezelixa elizayo |
| **Ulungisiso** | I-HWC njengesebe likarhulumente ebotshelelwe nguMthetho weSizwe weZibonelelo zeLifa leMveli (uMthetho 25 we-1999) ukuba ucebise uMphathiswa ngolawulo, ngokulondoloza nokukhusela izibonelelo zelifa lemveli. |
| **Unxulumano** | ISebe elingunozala: Ukukhuthazwa kophuhliso nenguqu yemisebenzi yenkcubeko ukulungiselela ukunikela ngokubhekiselele kulwakhiwo lwesizwe; ulawulo olulungileyo, uphuhliso lwentlalo nabantu; nozinzo kukukhula koqoqosho namathuba. |

#### 2.1.3 Uswankathelo lweMeko yoNikezelo lweeNkonzo

**Inani leeRekhodi zeziGqibo eziKhutshelweyo:**

Kwisithuba sonyaka-mali wama-2011/12 i-1 832 leerekhodi zezigqibo (iiRoD) zakhutshwa.Oku kumele ukwanda okuli-11.2% ngapphezulu kwi-1 647 ezazikhutshwe kulo nyaka uphelileyo.Okungumdla kakhulu kukwanda okungama-22.3% kwinani lezicelo ezenziwe phantsi kweCandelo lama-38 leNHRA elijongene nempembelelo yovavanyo.Oku kukhula kwamva kubalelwa kulwazi oluninzi nakwiiprojekti ezinkulu zolwakhiwo ezithe zaqhutywa ngenxa yokuzinza koqoqosho.Ukwanda ngokupheleleyo kusenokuba ngumqondiso wokuphuculakobume boqoqosho, kodwa kusenokuba ngumphumela wokugcinwa okungcono kweerekhodi yiHWC.Ngoku kukho inkqubo yokwabiwa kweenombolo kwisicelo ngasinye kunye nenkqubo yokuzilandela kusetyenziswa inkqubo ehambelana neenkcukacha zolwazi ezikwikhompyutha.

Ucalucalulo lweeROD luhamba ngale ndlela ilandelayo:

| Icandelo leNHRA | Epr | Mey | Jun | Jul | Ag | Sep | Okt | Nov | Des | Jan | Feb | Mat | IYonke |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **IKOMITI YOBUME BOLWAKHIWO NEMBONAKALO YOMHLABA (BELCom)** | | | | | | | | | | | | | |
| Icandelo lama-27 leeNdawo zeLifa leMveli lePhondo | 5 | 3 | 14 | 14 | 21 | 10 | 9 | 9 | 11 | 4 | 3 | 15 | **118** |
| ICandelo lama-29 Ukhuseleko lwethutyana | 0 | 0 | 0 | 0 | 0 | 0 | 0 | 0 | 0 | 0 | 1 | 0 | **1** |
| Icandelo lama-31 Iingingqi zeLifa leMveli | 0 | 1 | 0 | 2 | 1 | 0 | 0 | 0 | 3 | 0 | 2 | 0 | **9** |
| Icandelo lama-34 ulungiso nolwa-ngezelelo | 14 | 22 | 17 | 17 | 9 | 15 | 1 | 3 | 2 | 5 | 9 | 6 | **121** |
| Icandelo lama-34 uDilizo olupheleleyo | 14 | 1 | 6 | 12 | 4 | 7 | 4 | 3 | 3 | 3 | 0 | 4 | **61** |
| **IYONKE** | **33** | **27** | **37** | **45** | **36** | **32** | **14** | **15** | **19** | **12** | **15** | **25** | **310** |
| **IKOMITI YOHLELO LOVAVANYO LWEFUTHE(IARCom)** | | | | | | | | | | | | | |
| ICandelo lama- 38(1) | 7 | 7 | 4 | 1 | 1 | 1 | 1 | 2 | 2 | 2 | 0 | 0 | 28 |
| ICandelo lama-38(4) | 5 | 4 | 24 | 0 | 2 | 2 | 0 | 2 | 6 | 1 | 5 | 4 | 55 |
| ICandelo lama-38(8) | 25 | 20 | 32 | 10 | 15 | 15 | 17 | 3 | 20 | 6 | 2 | 15 | 170 |
| **IYONKE** | **37** | **31** | **60** | **11** | **18** | **18** | **18** | **7** | **28** | **9** | **7** | **19** | **263** |
| **IKOMITI NGENZULULWAZI YEZAKUDALA, IZIFUNDO NGOBOMI KUNYE NEEMBALASANE(APM)** | | | | | | | | | | | | | |
| Icandelo lama-27 | 0 | 0 | 0 | 4 | 4 | 8 | 1 | 0 | 0 | 0 | 0 | 0 | **17** |

| | | | | | | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| leeNdawo zeLifa leMveli lePhondo | | | | | | | | | | | | | |
| Icandelo lama-35 lamaPhepha –mvume enzululwazi yezakudala | 14 | 0 | 3 | 1 | 1 | 1 | 4 | 5 | 10 | 3 | 3 | 3 | **48** |
| **Iyonke** | **14** | **0** | **3** | **5** | **5** | **9** | **5** | **5** | **10** | **3** | **3** | **3** | **65** |
| **IKOMITI YEZIBHENO** | | | | | | | | | | | | | |
| **Onke amacandelo** | **2** | **2** | **0** | **2** | **3** | **2** | **1** | **3** | **2** | **2** | **5** | **4** | **28** |
| **AMAPHEPHA-MVUME AKHUTSHWE PHANTSI KONIKEZELO LWAMAGUNYA KUBASEBENZI UKULUNGISELELA ULUNGISO NOLWANGEZELELO** | | | | | | | | | | | | | |
| Icandelo lama-27 leeNdawo zeLifa leMveli lePhondo | 0 | 0 | 0 | 0 | 4 | 4 | 1 | 0 | 0 | 0 | 3 | 3 | **15** |
| Icandelo lama-34 ulungiso nolwa-ngezelelo | 35 | 27 | 23 | 51 | 110 | 117 | 91 | 40 | 66 | 66 | 52 | 95 | 773 |
| Icandelo lama-34 uDilizo olupheleleyo | 0 | 0 | 9 | 8 | 16 | 9 | 0 | 2 | 9 | 9 | 9 | 2 | 73 |
| Icandelo lama-38 loPhuhliso (iiNID) | 0 | 0 | 17 | 48 | 23 | 29 | 22 | 24 | 46 | 31 | 40 | 25 | 305 |
| **IYONKE** | **35** | **27** | **49** | **107** | **153** | **159** | **114** | **66** | **121** | **106** | **104** | **125** | **1166** |
| **INANI LILONKE LAMAPHEPHA-MVUME NEEREKHODI ZOKUKHUTSHWA KWEZIGQIBO** | | | | | | | | | | | | | |
| **Onke amacandelo** | **121** | **87** | **149** | **170** | **215** | **220** | **152** | **96** | **180** | **132** | **134** | **176** | **1832** |

**Uluhlu lweenkcukacha ezikwikhompyutha**

ILifa leMveli leNtshona Koloni lithe kule minyaka mithathu idlulileyo lasebenzisa uluhlu lweenkcukacha ezikwikhompyutha ezaziphuhliselwe ukusetyenziswa ngaphakathi yaye lusetyenziswelwe ukugcina ingcaciso ngeendawo zenzululwazi yakudala nezenzululwazi yezidalwa zamandulo.

Ngembono yokwandisa umthamo weenkcukacha zolwazi osele ufumaneka kuluhlu lweenkcukacha zolwazi olukwikhompyutha, iHWC ithe apha enyakeni yathabatha inxaxheba kwiNkqubo Eyandisiweyo yeMisebenzi kaRhulumente yeSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo ukufaka ngedijithali imathiriyeli yelifa lemvelo.Le projekti iqeshe abasebenzi abathathu ukuba bafake kwidijithali iirekhodi zazo zonke iindawo ethe iHWC nabo bonke ababengaphambili bajongana nazo eNtshona Koloni ukususela ekuqalisweni kwesicwangciso-nkqubo solondolozo lwezibonelelo zelifa lemveli lesizwe ngeminyaka yowe-1920.I HWC ngokwakaloku nje ineerekhodi kuyo zeendawo ezili-15 576 ezokuqala kuzo ezili-1 112 zifakwe kwidijithali ngoJanuwari nangoMatshi wama-2012.Le projekti iyila ikhono lokwenza inkcukacha zengcaciso ngezibonelelo zelifa lemveli zephondo zifumaneke lula kubaphandi nakuluntu ngokubanzi kwixa elizayo.

Kwasekuqaleni enyakeni kubekho iingxoxo kunye neSixeko saseKapa yokuvumela iHWC ukuba isebenzise umgangatho wayo olungiselelwe ulawulo lweenkcukacha zolwazi zelifa lemveli layo kunye nengcaciso yendawo kwizibonelelo zelifa lemveli njengesiseko sophuhliso seenkcukacha zolwazi ezintsha zephondo.Nangona kunjalo, le mbono iyekiwe kwaqaliswa endawnei yayo elinye iqalelo elamkelwayo kwicala leSAHRA, elayamene neHWC kwinqanaba lesizwe, lokuphuhliswa koluhlu lweenkcukacha zolwazi oluya kuthi lufumane kwi-intanethi ukulungiselela oogunyaziwe bezibonelelo zelifa loemveli noluntu.Ekupheleni konyaka-mali iprojekti ibe nenkqubela phambili engumangaliso yaye abasebenzi beHWC bebenceda iSAHRA ukuvavanya inguqulelo elingwayo yenkqubo.

**Unxibelelwano**

Iincwadana zezaziso ezimbini ezichaza imiba eyahlukeneyo yenkqubo zajikeleziswa ngoMeyi wama-2011 nangoMatshi wama-2012.Ezi zazijolise ikakhulu kumagcisa asebenza kwicandelo lelifa lemveli yaye ayelungiselelwe ukuwanceda kumsebenzi wawo neHWC.

Kwisithuba salapha enyakeni iHWC iqalisile ngokusebenzisa iwebhusayiti yayo njengesixhobo sonxibelelwano yaye amaxwebhu afumaneka kwi-intanethi ahlaziyiwe.Ukwangezelela koku, ngaphambi lweentlanganiso zonke iiajenda zifakwa ngoku kwiwebhusayithi. Oku kubonelele uluntu jikelele ngomthombo wengcaciso kwimiba ephakanyiswa kwiikomiti, kubonelela ngethuba kubo lokuba basebenzise ilungelo labo lokunika iimbono zabo kwiintlanganiso apo kuthatyathwa khona izigqibo. Kwiintsuku nje ezimbalwa emva kwentlanganiso nganye uludwe lwezigqibo ezithatyathiweyo zifakwa ngoku kwiwebhusayithi ukunceda uluntu ukuba

lusebenzise ilungelo lalo lokubhena.Yakuba yamkelwe, imizuzo epheleleyo ifakwa kwiwebhusayithi.

**Ukuvavanywa kweefomu zokwenziwa kwezicelo**

Ukususela ngomhla woku-1 kweyoMqungu 2011 ifomu entsha yeSaziso seNjongo yokuPhuhliswa (NID) yamiliselwa, kulandelwa indibano yeengxoxo engalo mba kunye nesithuba solingo soyilo. Isigqibo sasithatyathwe sokokuba kwangethuba kunyaka omtsha ifomu iya kuvavanywa ngokutsha.

Indibano yengxoxo yabanjwa kuyilwa ngokutsha ifomu kuqulunqwa ubume bezicelo phantsi kweCandelo lama-27 nama-34 eNHRA. Le fomu siSihlomelo Akwimithetho yeHWC epapashwe njengeSaziso sePhondo 298 somhla wama-29 kweyeThupha 2003 (ngesiNgesi) kunye neSaziso sePhondo 212 somhla we-10 kweyeNkanga 2004 (ngesiBhulu nesiXhosa).

Le misebenzi sisiqalelo senkqubo yovavanyo olulungiselelwe zonke iifomu zezicelo eziqulathwe kwizihlomelo kwimimiselo.

**Izibheno**

IKomiti yeZibheno yahlangana amathuba ali-11 apha enyakeni ukulungiselelaukuphulaphula izibheno ezenziwe zizicelo ezili-14 ezenziwe zizicelo ezili-1 832 ezigqitywe yiHWC apha enyakeni.

Akukho zibheno zitsha ezngenisiweyo kwiinyanga kaCanzibe, kweyeSilimela, kweyeThupha, kweyeDwarha nakweyoMqungu.

Izibheno ngekota:

| IKota yoku-1 | IKota yesi-2 | IKota yesi-3 | IKota yesi-4 |
|---|---|---|---|
| 1 | 3 | 2 | 5 |

Okungumdla kwisithuba sonyaka yaba kukuhla kuqala kwinani lezibheno njengoko kuqiniswa ulawulo kusenziwa nzima ukuba kubekho izibheno ezivela kwinkqubo elandelweyo.Izibheno zihle kangangokuba kwisithuba seenyanga ezilishumi elinesibini kowama-2011 akubangakho zibheno zisiwa kwiNkundla yoMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko, iMidlalo noLonwabo.

Ngokuphikisayo kwisiqingatha sonyaka wama-2011 nekota yokuqala yowama-2012 kubekho ukunyuka kwinani lezibheno ezingenisiweyo ngamaqumru olondolozo abhalisiweyo noluntu ngokubanzi. Oko kubonwa njengomphumela welungelo elikhulu loluntu lokufumana izigqibo zeHWC kwi-intanethi.Imbonakalo efanayo yagqalwa kwinani lezingeniso zoluntu ezenziwa ziikomiti, ukususela kwithuba lokupapashwa kweeajenda.

Le mbonakalo iyamkelwa, kuba ivumela uluntu ukuba luthabathe inxaxheba kwiingxoxo ezimalunga nekamva lezibonelelo zelifa lemveli olulixabisileyo. Lunika ngokunjalo impembelelo kumba obalulekileyo womoya weNHRA, okukubeka oogunyaziwe bezibonelelo zelifa lemveli kwindima yokuba ngabalamli phakathi komdla woluntu nolwabenzi bezicelo.

**Ukuvavanywa koluhlu lwempahla**

Apha enyakeni iKomiti yeeMvavanyo nokuHlelwa koLuhlu lweMpahla yacelwa ukuba ivavanye uluhlu lwempahla lwezibonelelo zelifa lemveli olungeniswe ngooMasipala owaseSwartland nowaseOverstrand. Kubekho ngokunjalo unxibelelwano kunye nePrince Albert Cultural Foundation neSimonstown Historical Society olubhekiselele kwiimvavanyo abaziqhubayo ngenjongo zokungenisa uluhlu lwempahla kwixa elizayo.

**Ukukhuthazwa kolondolozo lwezibonelelo zelifa lemveli**

I-CEO yamenywa ukuba ithethe ngemiba yelifa lemveli kwiiAGM zeLifa leMveli eMossel Bay, kwiVelddrift Heritage Foundation nakwiFriends of the Montagu Museum. ISekela loMlawuli leeNkonzo zoBugcisa linike intetho eyeleleneyo kuluntu lwaseElim ze umyili wezakhiwo wanika intetho kwindibano yemibutho eyahlukeneyo kwiMyuziyam yaseGeorge ngoSuku lweLifa leMveli, umhla wama-24 kweyoMsintsi.

NgoMhla weZikhumbuzo zeHlabathi, umhla we-18 kuTshazimpuzi wama-2012, iHWC ithelelene neMyuziyam yaseWorcester kwinkqubo elungiselelwe abafundi ebandakanya imisele yembali yonkcenkcesho equkuqela kwidolophu yonke. Emva kwentetho ngelifa lemveli lamanzi eWorcester, abantwana benza izikhephe zamaphepha abathi bazileqa kwisixokelelwano somsele.

Iintlanganiso zabanjwa kunye nooMasipala owaseMossel Bay, eBeaufort West, eSwartland, eKapa, eOverstrand nowaseKnysna ngokubhekiselele kwimiba enxulumene nezibonelelo zelifa lemveli.

**Isibhengezo seendawo ezililifa lemveli zephondo**

Iindawo ezimbini ezintsha ezililifa lemveli zephondo, yiRatelgat ekufutshane neVanrhynsdorp kunye neDeHel Forest eConstantia eKapa zabhengezwa. Ummandla okhuselweyo kwindawo yephondo yelifa lemveli iWest Coast Fossil Park yandiswa yaya kutsho malunga nokuphindayandiswa yaya kutsho malunga nokuphinda-phindwe nge-14 kubukhulu bayo bangaphambili.

Apha enyakeni iprojekti yokuchonga nokukhusela iindawo eKapa ezinxulumene nomzabalazo wenkululeko yaqaliswa yaye kulindeleke into yokokuba uninzi lweendawo ezintsha zephondo zelifa lemveli kweli candela ziya kubhengezwa kwiminyaka ezayo.

**Izimangalo ezisemthethweni**

I HWC ibe ngummangalelwa kunye nomnye ummangalelwa kwityala elibhekiselele kwisigqibo seNkundla yamatyala yoMphathiswa ngeHotele yaseStellenbosch esathatyathwa kwiNkundla ePhakamileyo kuhlolo.UMbutho awuzange usiphikise isimangalo waze umba wathunyelwa kwiNkundla yamatyala ukuba uqwalasele ngokutsha.

Izityholo ezibekwe ngowama-2010 ezinxulumene nokudilizwa kwenxalenye yendawo yephondo yelifa lemveli eMamre zaphula-phulwa kwiNkundla kaMantyi eAtlantis ngoMatshi wama-2012. Ityala lamiselwa inyanga kaTshazimpuzi.

Izityholo zabekwa kwityala elinxulumene nomsebenzi owenziweyo eKlein Constantia kwindawo yephondo yelifa lemveli ePaarl. Ekupheleni konyaka ityala lasala lingasonjululwanga.

**Izicwangciso-nkqubo zolawulo lolondolozo**

I-CMF yendawo yephondo yelifa lemveli iDe Hel Forest eyilwe kunyaka-mali ongaphambili yamkelwa liBhunga.

Ithenda elungiselelwe ukuyilwa kweCMF yendawo yephondo yelifa lemveli iBaboon Point yaqulunqwa yaye ilinde ukuba ipapashwe ekupheleni konyaka-mali.

### 2.1.4 Uswankathelo lweMeko yeQumrhu

**Ukuvavanywa ngokutsha kokubanako ukwenza umsebenzi**

Ngokuhambelana neCandelo lesi-8(6) leNHRA ikhono loogunyaziwe bezibonelelo zelifa lemveli lephondo kufuneka zihlolwe rhoqo kwisithuba seminyaka emibini yiArhente yeZibonelelo zeLifa leMveli yoMzantsi Afrika, SAHRA, ukulungiselela ukumisela ukuthotyelwa kwemigangatho elikwinqanaba eliphantsi ethiwe thaca kwimithetho.Kwisithuba sekota yesibini iHWC yavavanywa ngokutsha yaze yafunyanwa inobuchule kuyo yonke imimandla ethe yenza kuyo isicelo sobuchule.Ikhono lobuchule ekuphela kwalo ethe ngokwakaloku nje ayajongana nalo liCandelo lamayavavanywa ngokutsha yaze yafunyanwa inobuchule kuyo yonke imimandla ethe yenza kuyo isicelo sobuchule.Ikhono lobuchule ekuphela kwalo ethe ngokwakaloku nje ayajongana nalo liCandelo lama-36 leNHRA, ‘uMhlaba wokuNgcwaba naMangcwaba’.

**Iintlanganiso zekota neSAHRA**

Inkqubo yeentlanganiso zekota kunye nogunyaziwe wezibonelelo zelifa lemveli lesizwe, iSAHRA, imiliselwe ukususela kweyeKhala yowama-2011. Iintlanganiso ezikho rhoqo phakathi kwabalawuli abaphezulu namalungu eBhunga emibutho emibini zinikezela ngethuba lokuxoxwa nokusonjululwa kwemiba eyinkxalabo kuyo.

Umba ongundoqo wengxoxo ibe kukungaqiniseki okumalunga nokuba ngubani na onoxanduva kwimicimbi enxulumene neendawo ezikwiGreyidi 1ethe ayibinakukhuselwa njengeendawo zelifa lemveli leSizwe. Kuvunyelwene kwinto yokuba isaziso sesivumelwano siya kuphuhliswa ukusombulula lo mba.

**INtlanganiso yeZibonelelo zeLifa leMveli leSizwe**

Ngomhla we-15 kweyeKhala 2011 uMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo, uGq. Ivan Meyerkunye neHWC babiza iNtlanganiso yeZibonelelo zeLifa leMveli leNtshona Koloni kwiPalamente yePhondo. Intlanganiso ibandakanye uludwe lwabachaphazelekayo kubandakanywa oomasipala, amaqumru olondolozo lwendalo neyamagcisa nabameli beBhunga leBhunga leHWC neekomiti nabasebenzi. Ngaphezulu kwabantu abangama-80 bazimasa le ntlanganiso.

Izihloko ezixoxiweyo zibandakanya ukusilela kumiliselo lweNHRA, izithethe, imigangatho nezikhokhelo ezilungiselelwe ulondolozo lwelifa lemveli, iinkqubo ezilungiselelwe ukuchongwa nokufakwa kumaxwebhu kwezibonelelo zelifa lemveli, iinkqubo zenguqu kwicandelo kunye negalelo lomasipala noluntu kulondolozo lwelifa lemveli.

Intlanganiso ivelise uluhlu lwemiphumela eya kuthi iqhubeke ukuba nempembelelo kwindlela ethatyathwa yiHWC. Ingxelo yentlanganiso iyafumaneka kwiwebhusayithi yeHWC.

**Iinkqubo zekomiti**

Ukwangezelela kwimigaqo-nkqubo enempembelelo kwiikomiti njengoko ithiwe thaca kwenye indawo kule ngxelo, ukusebenza kweekomiti nako kube ngumba wovavanyo. Ukususela kweyoKwindlaweyoKwindla 2011 abasebenzi bangenise umelo olusesikweni kwiiKomiti lulandela ingxoxo yezicelo ezenziwe ngamaqela. Ezi ziqukumbela ngengcebiso ethi yenziwe isiseko sengxoxo yikomiti. Oku kuthe kwaphucula ukusebenza kweekomiti, nexesha elithatyathiweyo ukuqwalasela izicelo, ngoko kuncitshiswa ithuba leentlanganiso,

ingakumbi inani olamaxesha eentlanganiso eziqhutywa zidluliselwe kusuku lwesibini. Oku ngokunjalo kukhokhelela kuncitshiso lweendleko zeentlanganiso.

Izigqibo zeKomiti zifakwa kwiprojekti kwiindawo zokubambela intlanganiso ngaphezulu kokuba zirekhodwa ngokubhalwa ngoomabhalane emva kwentlanganiso. Oku kunceda iikomiti ukuba zibone yaye zamkele zonke izigqibo ezithatyathiweyo, kunciphise kakhulu ixesha elininzi phambi kokuba kuthunyelwe izigqibo kubenzi bezicelo.

**Ukusekwa kwenkqubo yeqela elungiselelwe uququzelelo lwabasebenzi**

Ukususela ngomhla woku-1 kweyoKwindlaweyoKwindla 2011 abasebenzi beHWC balungelelaniswe baba ngamaqela amabini. Iqela ngalinye liqulathe uluhlu lwamakhono abandakanya umyili wezakhiwo, umcwangcisi, incutshe ngezakudala, usonzululwazi woluntu nomabhalane. Izicelo ziqwalaselwe ngamaGosa eLifa leMveli ngoku ziyaxoxwa liqela elithi liqulunqe iingcebiso kwiiKomiti. Oku kuvulela uludwe lwamakhono ukuba asetyenziswe emsebenzini wombutho kunakho oko bekusenzeka ngaphambili.

**Ukuhlolwa kokunikezelwa kwamagunya**

Ukunikezelwa kwamagunya kubasebenzi beHWC ukulawula iintlobo ezithile zezicelo kwahlolwa kwakhona kweyeThupha 2011. Ukunikezelwa kwamagunya kuMagosa eLifa leMveli okwenza izigqibo kwizicelo nokukhupha amaphepha-mvume nezinye iiRoD kurhoxisiwe ze endaweni yoko kwanikezelwa amagunya kumaqela abasebenzi yaye ikukuphela kwabalawuli abaphezulu abanelungelo lokusayina iRoD.

Le miqathango inciphisa amathuba orhwaphilizo yaye inceda abasebenzi ukuba babe nokulawula inani elikhulu lezicelo. Oku kubonelele iikomiti ngexesha elininzi lokuqwalasela imiba enzima.

**Ikomiti yovavanyo lwempembelelo**

Kwintlanganiso yayo yangomhla wesi-3 kweyeThupha 2011 iBhunga lenze isigqibo sokuyigcina iKomiti yoHlolo loVavanyo lweMpembelelo kuxhonyekekwe kumiliselo lokuthotyelwa kwamagunya kwiSixeko seKapa ekuya kuthi ngelo xesha kulindeleke into yokokuba inani lezicelo libe liya kuhla kakhulu.Igama lekomiti latshintshelwa ‘kwiKomiti yoVavanyo lweMpembelelo’.

**Ubulungu beekomiti**

Kubekho iinguqu ezininzi kubulungu beekomiti zeBhunga:

| | |
|---|---|
| 4 kuCanzibe: | Melanie Attwell watyunjwa njengelungu leBELCom, kulandelwa ukurhoxa kukaZiyanda Manzana. |
| 3 kweyeThupha: | Richard Summerswatyunjwa njengelungu leIAComkulandelwa ukurhoxa kukaMagnus Steenkamp. |
| 10 kweyeNkanga: | Quinton Lawson watyunjwa njengelungu leIAComkulandelwa ukurhoxa kukaJohn Almond. |
| 29 kweyoMdumba: | Collette Scheermeyer watyunjwa njengelungu leAPMkulandelwa ukurhoxa kukaNonofo Nodobochani. |

Njengoko kunjalo ngomhla wama-31 kweyoKwindlaweyoKwindla 2012 ubulungu beBhunga kunye neekomiti zalo bebunjengobu bulandelayo:

| IKOMITI | USIHLALO | AMALUNGU | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **IBHUNGA** | Ronèe Robinson | Mary Leslie | Laura Robinson | Stephen Townsend | Matilda Burden | Sarah Winter | Sharon De Gois |
| | | Maureen Wolters | Roger Joshua | Ziyanda Manzana | Floris Brown | Patrick Fefeza | Magnus Steenkamp |
| **I-EXCO** | Ronèe Robinson | Mary Leslie | Laura Robinson | Stephen Townsend | Matilda Burden | Sarah Winter | |
| **IZIBHENO** | Laura Robinson | Matilda Burden | Sharon De Gois | Antonia Malan | Nicolas Baumann | | |
| **I-BELCOM** | Sarah Winter | Patrick Fefeza | Maureen Wolters | Melanie Attwell | Roger Joshua | Stephen Townsend | Tim Hart |
| | | Trevor Thorold | | | | | |
| **I-APM** | Mary Leslie | John Almond | Dave Halkett | John Pether | Janette Deacon | Judy Sealy | Shadreck Chirikure |
| | | Colette Scheermeyer | | | | | |
| **I-IACOM** | Stephen Townsend | Mary Leslie | Sharon De Gois | Quinton Lawson | Roger Joshua | Sarah Winter | Piet Louw |
| | | David Halkett | Richard Summers | David Hart | | | |
| **I-DRCOM** | Matilda Burden | Laura Robinson | Mary Leslie | Patrick Fefeza | | | |
| **UHLOLO LWEEMVAVANYO** | Sharon De Gois | Stephen Townsend | Matilda Burden | Ziyanda Manzana | | | |
| **AMAGAMA NENKCAZELO** | Patrick Fefeza | Floris Brown | | | | | |

### 2.1.5 Iindawo eziPhambili zoPhuhliso loMgaqo-nkqubo neeNguqu kwiMithetho

Kwisithuba sowama-2011/12 kubekho uhlolo olukhulu noyilo lwemigaqo-nkqubo emitsha kunye namaxwebhu anxulumene nayo:

IKhowudi yokuziPhatha kunye noludwe lwemithetho yenkqubo yeentlanganiso yaphuhliswa ze yamkelwa liBhunga.Ezi zathi kamva zasayinwa ngawo onke amalungu eBhunga neekomiti zawo.Kuxhitywe kwinto yokokuba imithetho yenkqubo iya kuthi kwixa elizayo ipapashwe kwiGazethi yePhondo.

Imithetho emitsha elungiselelwe ukubhaliswa kwamaqumru olondolozo lwendalo ngokuhambelana neCandelo lama-25(1)(b) eNHRA yayilwa, emva kweendibano ezimbini zengxoxo kunye namaqela anomdla nachaphazelekayo. Isithuba sokwenza amagqabantshintshi kuyilo lokugqibela savalwa ekupheleni kukaMatshi yaye upapasho lomthetho omtsha lulindeleke kunyaka-mali omtsha.

ICandelo lama-38 leNHRA libe nemingeni emininzi ngokuhambela nenkcazelo.Emva kweentlanganiso ezininzi, eziqala malunga naphakathi enyakeni, iBhunga neKomiti eLawulayo ixoxe yaze yathabatha izigqibo ngokubhekiselele kwimimandla emininzi yembambano enxulumene neCandelo lama-38. Ezi zithunyelwe kuluntu, ingakumbi amagcisa asebenza kwicandelo lelifa lemveli, yaye abe noncedo ekuchazeni iindlela kuvavanyo lwempembelelo.Ngenxa yoku kucetywa ukuphuhlisa umthetho ochaza iCandelo lama-38.

Isivumelwano sokusebenza sokuthi thaca izithethe nemigangatho elungiselelwe ulawulo lweenkqubo zezicelo ngokuhambelana neSahluko II seNHRA saphuhliswa apha enyakeni. Oku kuthe thaca inkqubo, ixesha elimiselweyo, noxanduva lwabasebenzi benyathelo ngalinye ekuqwalaselweni kwezicelo yaye zibophelela abasebenzi ukuba basebenze ngazo. Isivumelwano siyamiliselwa ngokulingwa yaye siya kuhlolwa kuNyaka Omtsha; nangona kunjalo, impembelelo yaso ibe ikukuyila umbutho osebenzayo apho abenzi bezicelo banengqiniseko noko yemihla apho banganakho ukulindela ukufumana impendulo ngayo.

Umgaqo-nkqubo ngokuqeshwa kwabahloli belifa lemveli waphuhliswa ze wamkelwa yaye abahloli abangama-32 baqeshwa emva kwangoko. Bangabasebenzi abangamagcisa nabalawuli beHWC kunye namagosa elifa lemveli nemvelo kwiSixeko seKapa.

Abahloli belifa lemveli banikwe amakhadi ezazisi yaye banikwe amagunya amaninzi ukulungiselela ukuqinisekisa ngomiliselo lweNHRA. Abaqeshwa abaqela babonelela iHWC ngobukho babo kwingingqi, yaye kuthenjwa ngokuyandisa inkqubo ukuze ibandakanye eminye imimandla kamasipala.

### 2.1.6 INgeniso neNkcitho

| INkqubo | Iziphumo zophicotho-zincwadi | | | Ezizizo Ezithelekele-lweyo | Inkcitho ethelekelelweyo yesithuba esiphakathi | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| R'000 | **2009** | **2010** | **2011** | **2012** | **2013** | **2014** | **2015** |
| 1 ILifa leMveli leNtshona Koloni | 1119 | 994 | 455 | 1502 | 1528 | 1604 | 1685 |
| **Iyonke** | **1119** | **994** | **455** | **1502** | **1528** | **1604** | **1685** |
| | | | | | | | |
| **Iintlawulo ezikhoyo** | **1361** | **1546** | **998** | **914** | **1528** | **1604** | **1685** |
| Imbuyekezo kubasebenzi | 594 | 714 | 557 | 567 | 873 | 917 | 962 |
| Impahla neenkonzo ezibandakanya: | | | | | | | |
| Unxibelelwano | 0 | 19 | 10 | 0 | 58 | 63 | 66 |
| Iinkonzo zekhompyutha | | | | | | | |
| Abacebisi, iiKontilaka neeNkonzo ezizodwa | 42 | 104 | 48 | 4 | 397 | 418 | 439 |
| Uluhlu lwempahla | 30 | 22 | 9 | | 3 | 3 | 3 |
| ULungiso lololongo neendleko zokusebenza | | | | | | | |
| Ingqesho esebenzayo | | | | | | | |
| Iindleko zohambo nezenkxaso | 282 | 252 | 77 | 58 | 60 | 63 | 66 |
| Imirhumo yoPhicotho-zincwadi | 177 | 80 | 108 | 150 | 58 | 61 | 64 |
| Upapasho | 5 | 30 | 36 | 35 | 20 | 21 | 22 |
| Ezinye | 231 | 325 | 153 | 100 | 59 | 40 | 40 |
| Inzala ne-arhente yomhlaba | | | | | | | |
| ıtengiselwano yemali kwimpahla namatyala | | | | | | | |

| | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **Ezikhutshelweyo nenkxaso-mali :** | – | – | – | – | – | – | – |
| Amaphondo noomasipala<br>Iiarhente zeSebe neeakhawunti<br>IYunivesiti neYunivesiti zoBugcisa<br>Amaqumru amanyeneyo karhulumente nawangasese<br>Oorhulumente bamanye amazwe nemibutho yehlabathi<br>Amaziko angenzi nzala<br>Ezasekhaya | | | | | | | |
| **Iintlawulo nezakhiwo** | – | – | – | – | – | – | – |
| Izakhiwo nezinye ezingashukumiyo<br>Oomatshini nezixhobo<br>Impahla eyenziweyo<br>Iinkqubo zekhompyutha nenye impahla engabambekiyo<br>Umhlaba nemveliso: | | | | | | | |
| Imbuyekezo yenkunzi | – | – | – | - | – | – | – |
| **IYonke** | **1361** | **1546** | **998** | **914** | **1528** | **1604** | **1685** |

## 2.2 Indlela oQhube ngayo uMsebenzi

ITheyibhile 2.1 Ukufezekiswa kweenjongo zeqhinga kwisithuba sonyaka-mali wama-2011/2012

| Iinjongo zeQhinga | | Umqondiso wendlela yokusebenza | Ekujoliswe kuko | Okukuko | Iyantlukwano |
|---|---|---|---|---|---|
| | Ukusekwa nokugcinwa kwenkqubo yolawulo oluhlangeneyo lwezibonelelo zelifa lemveli kwiNtshona Koloni eya kuthi iqinisekise ngokuchongwa ngendlela emisiweyo, ngokulondolozwa ngokukhuselwa, nangokukhuthazwa kwezibonelelo zelifa lemveli ukulungiselela lonke uluntu lwethu nezizukulwana ezikhoyo nezo zexesha elizayo nokukhuthaza ulawulo olulungileyo kuwo onke amanqanaba | Ukumiliselwa koMthetho weSizwe weLifa leMveli; kusetyenziswa iintlanganiso ezimiselweyo ze: Bhunga kunye | 8 | 7 | 1 |
| | | neeKomiti | 56 | 54 | 2 |
| | | Ukupapasha iNgxelo yoNyaka elungiselelwe iLifa leMveli leNtshona Koloni | 1 | 1 | 0 |
| | | Ulwamkelo lonikezelo lwamagunya ayiliweyo nokumiliselwa komgaqo-nkqubo owamkelweyo ngonikezelo lwamagunyakoomasi pala ukukhuthaza ulawulo olulungileyo lwezibonelelo zelifa lemveli | 1 | 0 | 1 |

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| | | Ukugunyaziswa kovavanyo ukulungiselela ukumiselwa kwemida nezilumkiso ukukhusela iindawo ezibhengeziweyo zephondo zelifa lemveli | 1 | 0 | 1 |
| | | Ukuveliswa kwemathiriyeli yenkuthazo neenkqubo ukulungiselela ukukhuthaza ulawulo lwezibonelelo zelifa lemveli kwiNtshona Koloni. | 50 Ukuveliswa kweebheji zeHWC ukulungiselela ukuchongwa nokuphawulwa kwendawo ezingama-250 yelifa lemveli lephondo | 250 | 200 |
| | | | 3 Ukuveliswa kweephamflethi ngeendawo ezibhengeziwey o zelifa lemveli, kunye neekopi ezingama-200 ezinikezelweyo. | 3 | 0 |
| | | | 2 IInkqubo zenkuthazo ezineekopi ezingama-200 ezi kopi zimbini | 2 | 0 |
| | | Ukubhaliswa kwemibutho ukunceda kulondolozo lwezibonelelo zelifa lemveli kwiNtshona Koloni | 15 | 0 | 15 |
| | | Ukuyila umgaqo-nkqubo, izithethe nemigangatho elulungiselelwe ulawulo lwezibonelelo zeLifa leMveli | 1 | 0 | 1 |

IsiCwangciso soNyaka seNdlela yokwenziwa komsebenzi siqulathe ukungalungelelani ngenxa yeziphene zochwethezo kwicandelo lesi-4.1. INjongo yeQhinga yoNyaka yekuJoliswe kuko ukulungiselela unyaka wama-2011, 4.2. ImiQondiso yeNdlela yokwenziwa komsebenzi kunye nekujoliswe kuko koNyaka ze ele-4.3 ekuJoliswe kuko rhoqo ngeKota. Umqondiso wenkqubo yokwenziwa komsebenzi ekuqeshwenikweBhunga elitsha elilungiselelwe iHWC awubhekiselelanga kunyaka-mali wama-2011-12, yaye ekujoliswe kuko okubekiweyo kufuneka ngoko kube liqanda.

## 2.3 Eminye iMisebenzi eyenziweyo

**INkcazelo ngeNdlela yoKwenziwa koMsebenzi**

**Izizathu zoNxaxo oluMandla**

Ukumiliselwa koMthetho weZibonelelo zeLifa leMveli, wama-25 we-1999 ngokusetyenziswa kwenani leentlanganiso zeHWC ezimiselweyo.

**UKUMILISELWA KOMTHETHO WESIZWE WELIFA LEMVELI, WAMA-24 WE-1999 KUSETYENZISWA INANI LEENTLANGANISO EZIMISELWEYO ZEBHUNGA LELIFA LEMVELI LENTSHONA KOLONI NEEKOMITI ZALO**

**IINTLANGANISO EZIBANJIWEYO**

**Iintlanganiso zebhunga**

| Iintlanganiso | iNani leentlanganiso | Inani leentlanganiso ezangezelelweyo |
|---|---|---|
| Ezengcebiso | 4 | |
| EzaBalawuli | 3 | |
| | 7 | 0 |

Intlanganiso yadlulela kolunye usuku njengoko i-ajenda yayingagqitywanga. Olunye uluhlu lwemizuzu lwagqitywa kwaba ngeso sizathu ke kungazange kubekho isidingo sentlanganiso yesi-8.

**IiNtlanganiso zeeKomitana**

| IiNtlanganiso | INani leeNtlanganiso | INani leentlanganiso ezangezelelweyo |
|---|---|---|
| APM | 12 | 0 |
| Belcom | 12 | 2 |
| I-ACom | 12 | |
| Izibheno | 8 | 2 |
| Uvavanyo | 2 | |
| DRCom | 2 | |
| Baboon Point | 2 | |
| Zizonke | 50 | 4 |

Iintlanganiso zarhoxiswa ze ezinye iintlanganiso ezangezelelweyo zecandelo lentlanganiso zabanjwa.

**Ukupupapashwa kwengxelo yonyaka elungiselelwe ilifa lemveli lentshona koloni**

INgxelo yoNyaka yaqulunqwa ze yangeniswa kwiCandelo loLawulo-mali lePhondo nakwiKomiti yeSigxina yeMicimbi yeNkcubeko neMidlalo ekupheleni kukaAgasti wama-2011.

**Ulwamkelo lwezigunyaziso ezamkelweyo nokumiliselwa komgaqo-nkqubo owamkelweyo ngokunikezelwa kwamagunya koomasipala ukukhuthaza ulawulo olulungileyo ukulungiselela izibonelelo zeLifa leMveli**

Uthethwano kunye neSixeko seKapa lukwinqanaba eliphezulu apho kweyeKhala 2011 iSixeko sigqibe ngokuqulunqa isivumelwano esiyilwayo kulandelwa indibano yeengxoxo yeentsuku ezimbini ngokuqulathwe kuso. Lo msebenzi ubonakele ungumsebenzi onzima kakhulu yaye othatha ixesha kunoko bekulindelwe. Uyilo olungabhekiselele emthethweni lwamkelwa kufutshane nje emva kokuphela konyaka-mali.

Ukuba kunokunikezwelwa amagunya kwiSixeko saseKapa kunokuba noncedo kakhulu. Kungavumela izibonelelo zelifa lemveli ezikwiGreyidi III ukuba zibandakanywe yaye zilawulwe ngokuhambelana nenkqubo yocwangciso njengoko kuxhitywe njalo yiNHRA yaye kuthatyathwa njengendlela elungileyo yokusebenza kwihlabathi lonke. Kuya kuguzula kwakhona ukuphinda-phindwa kweenkonzo apho amagosa elifa lemveli leSixeko ngokwkaloku nje eqwalasela izicelo ezinye nezo ziqwalaselwa yiHWC. Ukunciphisa inani lezicelo eziqwalaselwa yiHWC, kuya kukhulula abasebenzi ukuze baqwalasele kuxanduva oluphantsi kweNHRA othe umbutho awabinakho ngokupheleleyo ukujongana nalo.

**Ukugunyazisa uvavanyo ukulungiselela ukumisela imida nezilumkiso ukulungiselela ukukhusela indawo ebhengeziweyo yeLifa leMveli yePhondo**

Ngenxa yezi njongo itheknoloji yeGPSisuse isidingo kakhulu sokuqesha unocanda yaye indawo ekuphela kwayo ekujongwene nayo kwesi sithuba sonyaka-mali edinga ukuqwalaselwa ngale ndlela yayifanelekile ukuba kuveliswe imaphu ngeGPS.Njengoko inexabiso eliphantsi, njengoko inakho ukuqulunqwa ngabasebenzi, le ndlela yakhethwa kwimeko yeKasteelberg, indawo kwiVredenburg Peninsula eyathi ekugqibeleni ayabhengezwa njengendawo ngenxa yenkcaso yomnini evele kwinqanaba elisekugqibeleni lenkqubo.

**Ukuveliswa kwemathiriyeli yenkuthazo neenkqubo ukulungiselela ukukhuthaza ulawulo lwezibonelelo zeLifa leMveli kwiNtshona Koloni**

*Ukuveliswa kweebheji kuphawulwa iindawo zephondo:*
IBhunga *eli*ngaphambili lamkela ibheji yealuminiyam. Nangona kunjalo, le mathiriyeli isoloko ibiwa yaye kulula ukuyitshabalalisa, njengoko yenziwe ngemathiriyeli ethambileyo. Kwagqitywa ngoko ukuba kwenziwe ibheji yeseramikhi ngokuhambelana nendlela exhaphakileyo yehlabathi. Iiseramikhi zinexabiso eliphantsi kunemveliso yesinyithi; kulula ukuzifakela kusetyenziswa isamente yethayile yaye azibeki njengoko zisaphuka lula. Zinakho ufakelwa kwakhona ngexabiso eliphantsi xa zithe zatshatyalaliswa okanye zaphuka.

Ioda yokuqala yeebheji ezingama-250 yaqulunqwa kwisiseko sethenda yeminyaka emithathu yexabiso elingaguqukiyo elinye. Iibheji ziya kusetyenziswa kwiindawo ezisandula ukubhengezwa kutshanje nakwiindawo zelifa lemveli zephondo esle zikho njengoko zithathelwa ingqalelo ngokuhambelana nalo mthetho ukhoyo.

IBhunga ngaphezulu ligqibe ekubeni abanini bezivumelwano bangagcina iibheji zesikhumbuzo zesizwe zeobhedu ukuba bayafuna.

**Ukuveliswa kweephamflethin zeendawo eziBhengeziweyo zeLifa leMveli kunye neekopi ezingama-200 ezihanjisiweyo:**
Ezi phamflethi zilandelayo zaveliswa apha enyakeni:
- Izikhumbuzo zamakhobokaeWC
- Ukulungiswa kokuSanyentwa kwiZakhiwo esiDala
- ILifa leMveli leNtshona Koloni: Imisebenzi yalo neeKomiti

Ukwngezelela koku kungasentla yaye ngokuhambelana kunye nenkqubo yoSuku lweZikhumbuzo zeHlabathi obelubanjelwe eWorcester ngomhla we-18 kuTshazimpuzi wama-2011 iphamflethi yaveliswa engemisele yamanzi yedolophu.

**Iinkqubo zenkuthazo, iikopi ezingama-200 inye:**

Inkqubo yaququzelelwa ukukhumbula ukukhululwa kwamakhoboka ngomhla woku-1 kweyoMnga we-1834. Imisitho yaququzelelwa ePniel, eElim kunye nendawo yeSlave Tree eseSpin Street eKapa. Ukwangezelela kule misitho iicawa, izikolo namanye amaziko akhuthazwa ukuba abethe iintsimbi zawo ngentsimbi ye-12 emini emaqanda. Kuyathenjwa ukuba esi sahlulo sokugqibela sale nkqubo siya kuba ngumsitho warhoqo ngonyaka kubandakanywa amanye amaziko andisiweyo.

Ngomhla wesi-3 kweyoMnga wama-2011 indibano yengxoxo elungiselelwe abameli boluntu lwamaGrikwa yabanjwa eRatelgat, kulandelwa ukubhengezwa kwayo njengendawo yelifa lemveli yephondo. Umsitho unike ingqwalasela kukubaluleka kwendawo nokulondolozawa kwayo phantsi kwezibonelelo zeNHRA. Umsitho waqhutyelwakwifama iLuiperskop kufutshane neVanrhynsdorp.

**Ukubhaliswa kwemibutho yolondolozo lwendalo ukunceda ekulondolozweni kwezibonelelo zeLifa leMveli kwiNtshona Koloni**

Apha enyakeni imithetho emitsha nebanzi enxulumene nokubhaliswa kwemibutho yokulondolozwa kwendalo yaphuhliswa ngokusetyenziswa kwenkqubo yothethwano kunye nemibutho enjalo, kubandakanywa neendibano zengxoxo kunye nokuhanjiswa kaninzi kwamaxwebhu ayiliweyo. Ngasekupheleni konyaka-mali imithetho eyilwayo yayisele ikulungele ukuthunyelwa kobacebisi basemthethweni kulandelwa umjikelo wokugqibela wothethwano othe waphela ngoMatshi.

Kwagqitywa kwinto yokuba kungaqwalaselwa lubhaliso lwemibutho emitsha phantsi kwalo mthetho ukhoyo. Inkqubo eyahluke kakhulu iyaqikelelwa phantsi kwemithetho emitsha, yaye kwakhona kuya kufuneka kulandelwe inkqubo xa imithetho emitsha ithe yapapashwa.

Nangona kunjalo, imibutho esixhenxe yacela ukubhaliswa yaye phantsi kwemeko ezikhoyo yaphathwa njengathi ibhalisiwe. Le mibutho yile:

- Belvedere Civic Association
- Bo-Kaap Civic Association
- Blouberg Strand Residents Association
- City Bowl Ratepayers and Residents Association
- Old Wynberg Heritage Society
- Vernacular Architecture Society of South Africa
- Victoria and Alfred Marina Residential Home Owners Association

**Umgaqo-nkqubo oyiliweyo, izithethe nemigangatho elungiselelwe ulawulo lwezibonelelo zeLifa leMveli**

Uninzi lwamazwe okanye amaphondo aneenkqubo zezibonelelo zelifa lemveli ezithembekileyo athe avelisa izithethe nemigangatho elawula usebenzi weendawo zelifa lemveli. I-HWC izimisele ukuvelisa uxwebhu olunjalo yaye umba waba ngummandla wengxoxo enkulu kwiNtlanganiso yeLifa leMveli leNtshona Koloni eyayingoJulayi wama-2011. Nangona kunjalo, akukho mzekelo eMzantsi Afrika wokuveliswa kwezithethe nemigangatho enjalo yaye yaqondwa into yokuba uncedo lwehlabathi luya kufuneka ukulungiselela ukuqinisekisa ngempumelelo. Njengoko oku kwakungabelwanga mali, iinzame zenziwa ngeofisi elungileyo yoMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko, iMidlalo noLonwabo ukuba ibongoze inkxaso-mali kurhulumente welinye ilizwe ukulungiselela ukufumana inkxaso yegcisa lehlabathi.

# 3 INGXELO-MALI YONYAKA

## 3.1 Ingxelo yeKomiti yoPhicotho-ziNcwadi

Sanelisekile kukunikezela ingxelo yethu ukulungiselela unyaka-mali ophela ngomhla wama-31 kweyoKwindla wama-2012.

**Amalungu eKomiti yoPhicotho-zincwadi nokuZimasa**

Ngokwemiqathango yesiGqibo seKhabhinethi 55/2007, iLifa leMveli leNtshona Koloni ibonelelwa yiKomiti yoPhicotho-zincwadi yeMbambano yeNtlalo. IKomiti yoPhicotho-zincwadi iqulathe amalungu adweliswe ngasezantsi yaye kufuneka ahlangane ubuncinane amathuba ama-4 ngonyaka ngokuhambelana namagunya ekomiti amkelweyo. Kwisithuba salo nyaka umiyo zisixhenxe [7] iintlanganiso ezibanjiweyo.

| Igama leLungu | Inani leeNtlanganiso eziZinyanisiweyo |
|---|---|
| Mnu. R Kingwill (uSihlalo) | 7 |
| Mnu. Z Hoosain | 7 |
| Mnu. L van der Merwe | 6 |
| Adv. M Mdludlu (Isivumelwano siphelelwe ngowama-31 Disemba 2011) | 6 |
| Nksk. A Jones (Isivumelwano siphelelwe ngowama-31 Disemba 2011) | 5 |
| Mnu. M Burton (Utyunjwe ngowe-1 kuJanuwari 2012) | 1 |

Izixoliso zangeniswa ze zamkelwa ezeentlanganiso ezingazinyaswanga.Inani eliqingqiweyo lalikho kuzo zonke iintlanganiso.

**Uxanduva lweKomiti yoPhicotho-zincwadi**

IKomiti yoPhicotho-zincwadi inika ingxelo yokokuba iyahambelana noxanduva lwayo oluvela **kwicandelo 51(1) (a) lePFMA** kunye **noMthetho weCandelo leMali 27.1.** IKomiti yoPhicotho-zincwadi ngokunjalo inika ingxelo yokuba yamkele amagunya afanelekileyo asesikweni njengephepha lamalungelo ayo eKomiti yoPhicotho-zincwadi, yaye ilungise imicimbi yawo ngokuhambelana neli phepha lamalungelo yaye iqhube lonke uxanduva lwayo njengoko luqulathwe apha.

**Ukusebenza koLawulo lwaNgaphakathi**

Ngokuhambelana nePFMA kunye neNgxelo kaKing III engeemfuno zoLawulo lwamaQumru, uPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi lubonelela iKomiti yoPhicotho-zincwadi noLawulo ngengqiniseko yokokuba ulawulo lwangaphakathi lwanele yaye luyasebenza. Oku kufezekiswa ngesiCwangciso soPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi esisekwe kwingozi, uPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi oluvavanya ukwanela kolawulo ze ludambise iingozi yaye iKomiti yoPhicotho-zincwadi ibeka iliso kumiliselo lweentshukumo zolungiso.

Sizihlelile iingxelo zabaPhicotho-zincwadi bangaPhakathi, iNgxelo yoPhicotho-zincwadi kwiiNgxelo zeMali zoNyaka kunye neNgxelo yoLawulo yoMpicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika. Ngaphandle kwemiba iboniswe uPhicotho-zincwadi loMphathi loMphicothi-zincwadi Jikelele kunye neeNgxelo zoLawulo nale miba iqaqanjiswe ngezantsi, akukho kunqongophala kwemathiriyeli kwinkqubo yolawulo lwangaphakathi olwabonwayo:

**Imimandla eqaqanjisiweyo luPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi olulungiselelwe ukuphuculwa**

Kwisithuba esisenyakeni, ulawulo olungundoqo lokusilela lwaqwalaselwa luPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi kule mimandla ilandelayo:

- INdlela yokuSebenza kweNkqubo

  Iintshukumo zolungiso kuvunyelwene ngazo lulawulo yaye zibekwe iliso yiKomiti yoPhicotho-zincwadi.

**Ukusebenza nokufaneleka kolawulo lwengozi**

ULawulo lweNgozi yoShishino elungiselelwe icandelo lwaqhuba luqhutywa liSebe elingunozala leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo.

**Ukulunga koLawulo lwaseNyakeni kunye neeNgxelo zarhoqo ngeKota ezingeniswe ngokuhambelana nePFMA noMthetho weCandelo leNgeniso**

IKomiti yoPhicotho-zincwadi yanelisekile kokuqulathiweyo nokulunga kweengxelo eziqulunqwe zaze zakhuthwa nguGunyaziwe oNika iNgxelo yecandelo kwisithuba esiphantsi kovavanyo.

**Ukuvavanywa kweeNgxelo zeMali**

IKomiti yoPhicotho-zincwadi

- ihlaziye ze yaxoxa iiNgxelo zeMali zoNyaka eziza kubandakanywa kwiNgxelo yoNyaka, kunye noMphicothi-zincwadi Jikelele neGosa eliNika iNgxelo;
- ihlaziye iNgxelo yoLawulo yoMphicothi-zincwadi Jikelele neempendulo zolawulo kuyo;
- ihlaziye iinguqu kwimigaqo-nkqubo yokunikwa kwengxelo nendlela yokusebenza njengoko ichaziwe kwiNgxelo zeMali zoNyaka;
- ihlaziye iinkqubo zecandelo ukulungiselela ukuhambelana nezibonelelo ezisemthethweni;
- ihlaziye ingcaciso yeenjongo ebezimiselwe kwangaphambili njengoko zichaziwe kwingxelo yonyaka; yaze
- yahlaziya ulungelelwaniso olucacileyo olungumphumela wophicotho-zincwadi.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi iyangqinelana yaye isamkela imbono yoMphicothi-zincwadi ngokubhekiselele kwiiNgxelo zeMali zoNyaka, yaze yandulula ukuba iiNgxelo zeMali yoNyaka eziphicothiweyo zamkelwe ze zifundwe kunye nengxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele.

### UPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi

IKomiti yoPhicotho-zincwadi inike ingxelo yokokuba icandelo lijongwa liSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo yaye ukusilela kolawulo lwangaphakathi kunikwe ingxelo ngalo kwinqanaba lesebe.

### UMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika

IKomiti yoPhicotho-zincwadi ihlangene noMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Africa ukuqinisekisa ngento yokuba akukho miba ingasonjululwanga ethe yavela kuphicotho-zincwadi olusemthethweni.Imisebenzi yolungiso yeenkcukacha zokufunyenweyo okuvela kuphicotho-zincwadi olusemthethweni olukhoyo iya kubekwa iliso yiKomiti yoPhicotho-zincwadi qho ngekota.

### Uncomo

IKomiti yoPhicotho-zincwadi ithand ukwenza umbulelo kumaGosa eSebe, uMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika kunye neYunithi yoPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi ngentsebenziswano nengcaciso athe ayinikezela ukusinceda ukuze siqulunqe le ngxelo.



USihlalo weKomiti yoPhicotho-zincwadi yeMbumba yeNtlalo

Umhla: 14 kweyeThupha 2011

## 3.2 INgxelo yeGosa elinoXanduva

**INgxelo yoLawulo**

INgxelo yoGunyaziwe oLawulayo (yoMphathiswa) kwiPalamente yePhondo leNtshona

**Uvavanyo ngokubanzi lobume bemicimbi**

Unyaka ophela ngomhla wama-31 kweyoKwindlaweyoKwindla wama-2012 ubonakalise imisebenzi yeminyaka epheleleyo esithoba ukususela ekusekweni kweLifa leMveli leNtshona Koloni kweyeDwarha 2002.

**IiNkonzo ezinikezelweyo liCandelo likaRhulumente**

Nokusekwe kwiinjongo zalo zeqhinga, iLifa leMveli leNtshona Koloni liqalise ngoludwe olwahlukeneyo lwemisebenzi kwisithuba sonyaka-mali onokuthi uhlahlwe phantsi kwezi zihloko zilandelayo:

Ukucebisa uMphathiswa ngomiliselo loMthetho kunye nemithetho enxulumene nesizwe, iphondo kunye nomasipala

- Ukukhuthaza ulawulo olulungileyo ukulungiselela ulawulo lwezibonelelo zelifa lemveli kwinqanaba lephondo nelomasipala
- Ukukhusela nokulawula izibonelelo zelifa lemveli kwiNtshona Koloni
- Ukuxhobisa nokukhuthaza iingingqi noluntu ukulolonga nokulondoloza izibonelelo zalo zelifa lemveli ukulungiselela into yokuba zibe nakho ukugqithiselwa kwizizukulwana zexa elizayo
- Ukukhuthaza, ukulungelelanisa nokubeka iliso inkqubo yochongo, ukurekhoda novavanyo lwezibonelelo zelifa lemveli lephondo nomasipala
- Ukuqulunqa izithethe nemigangatho nokuthabatha amanyathelo ukulungiselela ukugcinwa nokulawulwa kwezibonelelo zelifa lemveli kwiNtshona Koloni
- Ukwazisa iArhente yeZibonelelo zeLifa leMveli yoMzantsi Afrika ngobukho lwezibonelelo zelifa lemveli elikwiGreyidi yoku-1 nokunyula izibonelelo ezinjalo
- Ukuphuhliswa komgaqo-nkqubo ongokukhuthazwa nokulawulwa kwezibonelelo zelifa lemveli zephondo; kunye
- Nokugcinwa kweenkcukacha zamanani akwikhompyutha ezingezibonelelo zelifa lemveli.

Injongo nganye kwezi njongo zeqhinga inxulunyaniswe kumagunya nemisebenzi ethiwe thaca elungiselelwa iLifa leMveli kwiNtshona Koloni kuMthetho weZibonelelo zeLifa leMveli weSizwe, we-1999.Imiba erheshayo esemthethweni yala magunya nemisebenzi, ingakumbi imiqathango yokhuselo esesikweni yezibonelelo zelifa lemveli, mikhulu yaye ngoko iLifa leMveli leNtshona Koloni ilumkile ekuqwalaseleni ukhuseleko olusesikweni lwezibonelelo zelifa lemveli kwiNtshona Koloni.
Ingxelo enenkcukacha zemisebenzi yeLifa leMveli leNtshona Koloni ibandakanywe kwicandelo INkqubo yeNgcaciso (khangela 2 kwiNgxelo yoNyaka).

**Umgaqo-nkqubo womrhumo**

ILifa leMveli leNtshona Koloni alizange lifune nawuphi na umrhumo kwisithuba sonyaka-mali wama-2011/2012, nangona inalo ilungelo lokumisela imirhumo yokwenziwa kwesicelo ukulungiselela izivumelwano ngokuhambelana necandelo lama-48(1) loMthetho

weZibonelelo zeLifa leMveli weSizwe, we-1999 (uMthetho wama-25 we-1999) kunye noMmiselo 2 weSaziso sePhondo 298 somhla wama-29 kweyeThupha 2003 ze sapapashwa kwiGazethi yePhondo enguNombolo 6061 yomhla wama-29 kweyeThupha 2003. ILifa leMveli leNtshona Koloni alikawuthatheli ngqalelo umgaqo-nkqubo womrhumo olungiselelwe iinkonzo zalo, ngenxa yezithintelo zekhono.

**Izithintelo zekhono**

Ulawulo lweZibonelelo zeLifa leMveli lubonwa njengekhono elinqongopheleyo, yaye ngoko ke, imingeni ekutsaleni umdla nokugcina abagqatswa abanefundo nobuchule obufanelekileyo kwizithuba kujanyelwana nako ngamathuba athile.

**Ukusetyenziswa kwezixa-mali zomnikeli**

Azisetyenziswa

**Idilesi yomsebenzi**

Idilesi yoshishino ebhalisiweyo yeLifa leMveli leNtshona Koloni yile: Protea Assurance House, Greenmarket Square, eKapa 8000

**Amashishini alawulwayo namashishini karhulumente**

Akasetyenziswa

**Eminye imibutho apho kukhutshelwa khona iintlawulo**

Akukho zintlawulo zikhutshelweyo ezenziweyo kweminye imibutho yiHWC ngesithuba sonyaka-mali wama-2010/2011.

**Ubuqabane namaqumrhu abucala (PPP)**

Akungeni apha

## Amalungiselelo oLawulo oluManyanisiweyo

### ULawulo loRhwaphilizo noMngcipheko

ICandelo lineKomiti esebenzayo yoLawulo loBuqhinga neNgozi enabameli baBalawuli abaPhezulu beCandelo. IsiCwangciso sokuThintelwa koBuqhinga savavanywa ngokutsha saze samkelwa nguMphathiswa. Amaphulo olwazi loBuqhinga, ubusela norhwaphilizo aqaliswa ukukhuthaza ukubuqonda nokubazi ubuqhinga, ubusela norhwaphilizo. Bonke abasebenzi basayina ikhowudi yokuziphatha ethi inyanzeliswe ngokuqhubekayo.

ULawulo lweNgozi yeShishini (ERM) lubekwe kwiphondo kwiofisi yeNkulumbuso. IYunithi yoLawulo lweNgozi yeShishiniyePhondo (PERMU) incede iSebe ngoququzelelo olunxulumene nokuvavavnywa nokuhlaziywa kwerejista yengozi. Isicwangciso somiliselo sasayinwa nePERMU ukuqinisekisa ngento yokuba iingozi ziyalawulwa ngokuqhubeka yaye ziyancitshiswa.

### UPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi neKomiti yoPhicotho-zincwadi

Imisebenzi yeCandelo ihlolwa yiKomiti yoPhicotho-zincwadi yeNtlangano yoLwabelo loLuntu yePhondo. Ikomiti yamkele isicwangciso sophicotho-zincwadi lwangaphakathi esilungiselelwe unyaka-mali wama-2011/2012. Lonke uphicotho-zincwadi lwangaphakathi olucwangcisiweyo lwaqhutywa ukulungiselela unyaka ophantsi kovavanyo. Ingxelo yophicotho-zincwadi lwangaphakathi yayisekwe kwirejista yeqhinga lengozi.

ICandelo lineKomiti yoPhicotho-zincwadi olusebenzayo elithe lasebenza ngokuhambelana neziKhokhelo zeziGqibo. Lihlangeneamaxesha amaninzi kwisithuba sonyaka-mali ukuvavanya ukusebenza kakuhle kweenkqubo zolawulo lwangaphakathi, umsebenzi wophicotho-zincwadi lwangaphakathi, kunye nemimandla yengozi yeSebe.

### ULawulo lwaNgaphakathi

Luxanduva lwegosa elinika ingxelo ukuvavanya rhoqo nokuhlola ulawulo lwangaphakathi ukuqinisekisa ngento yokuba imisebenzi yolawulo ekhoyo iyasebenza, ifanelekile yaye iselubala yaye ihlaziyiwe xa kuyimfuneko. Ukufezekisa oku, iintlanganiso zolawulo ezingundoqo zabanjwa noMphicothi-zincwad Jikelele, aBalawuli beNkqubo beCandelo noMphathiswa. Le yinkqubo eqhubekayo ukulungiselela ukuqinisekisa ngento yokuba iCandelo lifumana uphicotho-zincwadi olungenaziphene.

### IziCwangciso zokuSabela kwiNtlekele nokuQhubeka noMsebenzi

IziCwangciso zokuphumelela kwakhona kwiNtlekele nokuQhubeka koShishino zaphuhliswa zaze zamkelwa kulungiselelwa zonke iiofisi zeDCAS ukulungiselela ukuchaza iinkqubo ngokubanzi emazithathwe xa kuthe kwakho ukuphazamiseka (okanye unyango apho) oluchaphazela imisebenzi yesebe.

### Uxanduva lwamaGosa anoXanduva

ICandelo limilisele umgaqo-nkqubo neenkqubo yokunceda iGosa eliNika iNgxelo ukuba lihambelane namaCandelo 38, 39 nelama-40 oMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente (PFMA). Ngokubhekiselele kwiintlawulo ezikhutshelweyo, iGosa eliNika iNgxelo liqinisekise ngohambelwano neCandelo lama-38(1) (j) lePFMA phambi kokuba izixa-mali zikhutshelwe.

**Imisebenzi eyekiweyo/Imisebenzi eza kuyekwa**
Akukho nkonzo okanye misebenzi iyekiweyo kwesi sithuba sonyaka-mali.

**Imisebenzi eyekiweyo/Imisebenzi eza kuyekwa**
Akukho nkonzo okanye misebenzi iyekiweyo kwesi sithuba sonyaka-mali.

**Imisebenzi emitsha/Ecetywayo**

IBhunga leLifa leMveli leNtshona Koloni lihlangene kwinyang yeKhala 2011 ukulungiselela ukuxoxa isiCwangciso seNdlela yokuSebenza soNyaka sowama-2011/2012. IsiCwangciso seNdlela yokuSebenza soNyaka sowama-2011/2012 sangeniswa kwiGosa eliNika iNgxelo leSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo sisiya kuMphathiswa ukulungiselela ulwamkelo.

**Imisebenzi emva komhla woXwebhu loMncono**

Ayikho

**INGCACISO NGOKWENZIWA KOMSEBENZI**

Ingcaciso yokwenziwa komsebenzi inikezelwe kwiCandelo lesi-2 leNgxelo yoNyaka

**IZIGQIBO ZESCOPA**

| Imvelaphi nenkxalabo yeSCOPA | Ingcebiso yeSCOPA | | Iintshukumo ezithatyathiweyo ukuza kuthi ga ngoku ukunika ingqwalasela kwiingcebiso |
|---|---|---|---|
| | **1.1** | **IKomiti iphakamise ezi nkxalabo zilandelayo:** | |
| | (a) | IKomiti ivakalise ukudana kwayo ngokubhekiselele kukubuyela umva kweCandelo kwimbono yophicotho-zincwadi engenaziphene nokungabikho kweenjongo ezimiselwe ngaphambili nohambelwano nemithetho nemimiselo, kwimbono yophicotho-zincwadi engenaziphene ngokwemali kunye nokufunyenweyo kwiinjongo ezimiselwe kwangaphambili nokuhambelana nemithetho nemimiselo; | Ukubuyela umva kwabangelwa kukungahambelani neNqaku LokuSebenza apho amaBhaso enziwa kubanikezeli ngenkonzo abasileleyo ukungenisa isibhengezo sokokuba baqeshwe nguRhulumente okanye banxulumene nakuwuphi na umntu oqeshwe nguRhulumente. ISebe lihambelana ngokupheleleyo ngoku neNqaku lokuSebenza. |
| | (b) | IKomiti ivakalise inkxalabo yayo yokokuba isicwangciso sentlekele esifanelekileyo esilungiselelwe iISA sasingekenziwa. Izongezelelo kwifayile kaMaster azamkelwanga linqanaba eliphezulu elifanelekileyo lolawulo. Iinkqubo zongqinisiso zazingekanziwa ukuqinisekisa ngento yokuba iinguqu zalungiswa yaye ngokuhambelana neefomu | Njengenxalenye yenkqubo yeMTEF umgaqo-nkqubo wokukhetha ukulungiselela iingxowa-mali ezangezelelweyo wangeniswa kwiCandelo loLawulo-mali lePhondo liSebe leNkulumbuso umgcini womsebenzi woPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi. Oku kwamkelwa yaye akubangakho ngxowa-mali ezangezelelweyo zifunyenweyo. ICandelo eliPhezulu kwakhona lizama ukufumana iingxowa-mali ezangezelelweyo ukulungiselela |

| | | |
|---|---|---|
| | zegalelo. | ukuchobisa umsebenzi woPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi. |
| | IKomiti ibulele iCandelo ngokufumana imbono yophicotho-zincwadi olungenaziphene zemali kwiinjongo ezimiselwe kwangaphambili kunye/okanye uhambelwano nemithetho nemimiselo. | |

**Ulwamkelo**

Iingxelo zemali zonyaka ezithiwe thaca kumaphepha ezamkelwe liGosa elinoXanduva.



Mnu Andrew Hall

**IGOSA ELILAWULAYO ELIYINTLOKO NOGUNYAZIWE ONIKA INGXELO**
**ILIFA LEMVELI LENTSHONA KOLONI**

## 3.3 INGXELO YOMPHICOTHI-ZINCWADI JIKELELE KWIPALAMENTE YEPHONDO LENTSHONA KOLONI NGEENGXELO ZEMALI ZELIFA LEMVELI LENTSHONA KOLONI

### Ingxelo ngeeNkcazo zeMali

### Intshayelelo

1. Ndiziphicothile iingxelo zemali ezikhaphaya zeLifa leMveli leNtshona Koloni, eziqulathe ingxelo yobume bemali ukususela kumhla wama-31 kweyoKwindla 2012, kunye nengxelo yendlela yokusebenza yemali, ingxelo yeenguqu kwimali ezinkozo nengxelo yokuphuma nokungena kwemali ezilungiselelwe unyaka othe waphela, kunye nesishwankathelo semigaqo-nkqubo ebonakalayo yokunikwa kwengxelo kunye nenye ingcaciso echazayo, njengoko ithiwe thaca kumaphepha 42 ukuya kuma-58.

### Uxanduva logunyaziwe onika ingxelo ngeengxelo zemali

2. Ugunyaziwe onika ingxelo unoxanduva lokulungisa nokuthi thaca iingxelo zemali ngokuhambelana neNdlela yokuNika iNgxelo eyaMkelweyo ngokuBanzi yeMigangatho yoMzantsi Afrika (SA Standards of GRAP) ngendlela efunwa nguMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente woMzantsi Afrika, we-1999 (uMthetho onguNombolo 1 we-1999) (PFMA) kunye nomthetho 3(2) woMthetho wePhondo oGunyaziweyo weziBonelelo zeLifa leMveli weNtshona Koloni, 2002 (iSaziso sePhondo esinguNombolo 336se-2002) (iMithetho),kunye nokulungiselelwe ulawulo lwangaphakathi olunjalo njengoko uGunyaziwe onika ingxelo ebona kuyimfuneko ukunceda ulungiselelo lweengxelo zemali ezinemathiriyeli engenazo iziphene, nokokuba zivelie ngenxa yorhwaphilizo okanye ngempazamo.

### Uxanduva loMphicothi-zincwadi Jikelele

3. Uxanduva lwam kukunika imbono kwezi ngxelo zemali esekwe kuphicotho-zincwadi lwam. Ndiluqhube uphicotho-zincwadi lwam ngokuhambelana noMthetho woPhicotho-zincwadi zikaRhulumente woMzantsi Afrika, wama-2004 (uMthetho onguNombolo wama-25 wama-2004) (PAA), iSaziso Jikelele esikhutshwe ngemiqathango leyo kunye nMigangatho yeHlabathi yokuPhicothwa kweeNcwadi. Loo migangatho idinga into yokuba ndihambelane neemfuno zenqobo ezisesikweni ze ndicwangcise yaye ndenze uphicotho-zincwadi ukufumana ingqiniseko efanelekileyo emalunga ingaba iingxelo zemali azinazo na iziphene.

4. Uphicotho-zincwadi lubandakanya ukwenziwa kweenkqubo ukulungiselela ukufumana ubungqina bophicotho-zincwadi malunga nezixa-mali kunye nezibhengezo ezikwiingxelo zemali. Iinkqubo ezikhethiweyo zixhomekeke kwisigwebo somphicothi-zincwadi, kubandakanywa uvavanyo lweengozi zemathiriyeli eneziphene yeengxelo zemali, nokokuba zenzeke ngorhwaphilizo okanye ngesiphene. Ukwenza ezo mvavanyo zengozi, umphicothi-zincwadi unika ingqwalasela kulawulo lwangaphambili olufanelekileyo kulungiselelo lweshishini kunye nonikezelo lweengxelo zemali ukulungiselela ukuyila iinkqubo zophicotho-zincwadi eziya kuthi zifaneleke kwiimeko, kodwa zingalungiselelwanga injongo yokunika imbono ngokusebenza kolawulo lwangaphakathi lweshishini. Uphicotho-zincwadi ngokunjalo lubandakanya uhlahlelo lokufaneleka lwemigaqo-nkqubo yokunikwa kwengxelo esetyenziswayo nokulunga kwentelekelelo yokunikwa kwengxelo eyenziwe lulawulo, nokunjalo nokuhlela unikezelo olupheleleyo lweengxelo zemali.

5. Ndinenkolo yokokuba ubungqina bophicotho-zincwadi endibufumeneyol banele yaye bufanelekile ukunika isiseko esilungiselelwe imbono yam yophicotho-zincwadi.

## Imbono

6. Ngokwembono yam, iingxelo zemali zibonisa, ngayo yonke indlela, ubume bemali beLifa leMveli leNtshona Koloni ukususela kumhla wama-31 kweyoKwindla 2012 kunye nendlela yokusebenza kwemali yalo nokungena nokuphuma kwemali okulungiselelwe unyaka lowo sele uphelile, ngokuhambelana neMigangatho yeSA Standards yeGRAP yaye ngendlela okufunwa ngayo yiPFMA.

### Ukugxininiswa kombandela

7. Ndinika ingqwalasela kulo mbandela ungasezantsi. Imbono yam Imbono yam ayiguqulwanga ngokubhekiselele kulo mbandela.

### Ukuchazwa kwakhona kwengxelo kumanani ahambelanayo

8. Njengoko ebhengezwe kwinqaku le-12 kwiingxelo zemali, amanani ahambelanayo ukulungiselela umhla wama-31 kweyoKwindla 2011 aphinde achazwa kwakhona ngnenxa yeziphene ezifunyenwe kwisithuba sonyaka-mali wama-2011-12 kwiingxelo zemali zeLifa leMveli leNtshona Koloni yaye zilungiselelwe unyaka ophela ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2011.

### Ingxelo ngezinye iimfuno zomthetho nezilawulayo

9. Ngokuhambelana nePAA kunye *neSaziso Ngokubanzi* esikhutshwe ngemiqathango ekhoyo, Ndinika ingxelo ngkufunyenweyo okulandelayo ezifaneleke kwindlela yokusebenza nxamnye neenjongo ezimiselwe kwangaphambili, ukuhambelana nemithetho nemimiselo kunye nolawulo lwangaphakathi, kodwa kungenganjongo zakunika imbono.

### Iinjongo ezimiselwe kwangaphambili

10. Ndiqhube iinkqubo zokufumana ubungqina obumalunga noncedo nokuthembeka kwengcaciso kwingxelo yokwenziwa komsebenzi yonyaka njengoko ithiwe thaca kumaphepha 25 ukuya kuma-30 engxelo yonyaka.

11. Ukwenziwa komsebenzi ekunikwe ingxelo enxamnye neenjongo ezimiselwe ngoaphambili kwavavanywa kuthelekiswa kwiinqobo ezipheleleyo zokukhetha zokuba luncedo nokuthembeka. Ukuba luncedo kwengcaciso kwingxelo yokwenziwa komsebenzi yonyaka inxulumene nento yokokuba ingaba kunikezelwe ngokuhambelana nemithetho-siseko yokunikezelwa kwengxelo kweCandelo loLawulo-mali leSizwe nento yokokuba indlela yokwenziwa komsebenzi ingaba iyahambelana kunye neenjongo ezicwangcisiweyo. Ukuba luncedo kwengcaciso kubhekiselele ngaphezulu kwinto yokuba ingaba imiqondiso nekujoliswe kuko kuyalinganiswa(okt. Ichazwe kakuhle, iyangqinisiswa, ithe ngqo, iyalinganiswa yaye inexesha elimiselweyo) yaye ifanelekile njengoko kufunwa *sisiCwangciso-nkqubo seCandeloloLawulo-mali elilungiselelwe ingcaciso yokulawula inkqubo yokwenziwa komsebenzi.*

    Ukuthembeka kwengcaciso ngokubhekiselele kwiinjongo ezikhethiweyo kuyavavanywa ukufumanisa ukuba ingaba ibonisa ngokwaneleyo na iinyaniso (okt. Ingaba inyanisekile, ilungile yaye igqibelele).

12. Akubangakho okufunyenweyo kwingxelo yokwenziwa komsebenzi yonyaka enxulumene nokuba luncede nokuthembeka kwengcaciso.

### Imiba eyangezelelweyo

13. Nangona kungekho okufunyenweyo okubhekiselele kukuba luncedo nokuthembeka kwengcaciso yokwenziwa komsebenzi okwachongwayo kwingxelo yokwenziwa komsebenzi yonyaka, nditsala ingqwalasela kulo mbandela ungasezantsi:

**Ukufezekiswa kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo**

14. Kwinani eliphelelyo lokujoliswe kuko okucwangcisiweyo, zine kuphela ezithe zafezekiswa kwisithuba sonyaka ophantsi kovavanyo. Oku kumele ama-60% kokucwangcisiweyo ekujoliswe kuko okuthe akwafezekiswa kwisithuba sonyaka ophantsi kovavanyo.

15. Oku kubangelwe ikakhulu yinto yokokuba iinguqu zokusebenza zibe nomphumela kumxube owahlukeneyo weentlanganiso ezifunekayo kwezo zicwangcisiweyo. Ukungafumaneki kwengcaciso efunekayo ukulungiselela ukuveliswa kwemigaqo-nkqubo ngokunjalo ibe nempembelelo kwizifezekiso. Umqondiso omnye wanikezelwa ngokugqithisileyo xa kukho enye indlela engcono ukulungiselela ukufezekisa umphumela ofunekayo ube nokufumaneka, ngeli thuba ukulungiselela enye indlela eyenye yathatyathwa ukulibazisa inkqubo ngenxa kwinguqu ezingakho kwixesha elizayo kwimithetho.

**Ukuhambelana nemithetho nemimiselo**

16. Ndenze iinkqubo ukulungiselela ukufumana ubungqina bokokuba icandelo liyahambelana nemithetho esebenzayo nemimiselo ngokubhekiselele kwimiba yemali, ulawulo lwemali neminye imiba enxulumeneyo

17. Andichonganga nawaphi na amaxesha emathiriyeli engahambelaniyo kunye nemiba ethe ngqo kwimithetho efanelekileyo engundoqo nemimiselo njengoko ithiwe thaca *kwiSaziso Ngokubanzi* esikhutshwe ngokuhambelana nePAA.

18. Ndilubona ulawulo lwangaphakathi lufanelekile kuphicotho-zincwadi lwam lweengxelo zemali, ingxelo yokwenziwa komsebenzi yonyaka nokuhambelana nemithetho nemimiselo.

**Ulawulo lwangaphakathi**

19. Andchonganga naluphi na usilelo kulawulo lwangaphakathi endiluthatha njengolubalulekileyo kakhulu ukuba lubandakanywe kule ngxelo.

Auditor - General

EKapa

31 kweyeKhala 2012

AUDITOR-GENERAL
SOUTH AFRICA

*Auditing to build public confidence*

**ILIFA LEMVELI LENTSHONA KOLONI**
**INGXELO-MALI YONYAKA**
**ophele ngowama-31 kweyoKwindla 2012**

**INGXELO YOBUME BEMALI kunyaka ophele ngowama-31 kweyoKwindla 2012**

| Amanani ngeeRandi | ***Amanqaku*** | **2012 R'000** | 2011 R'000 |
|---|---|---|---|
| **IMPAHLA YEXABISO** | | | |
| ***Impahla yexabiso ekhoyo*** | | | |
| Urhwebo nezinye ezamkelweyo | 2 | **31** | - |
| Imali ezinkozo nothelekelelo lwemali ezinkozo | 3 | **1,239** | 714 |
| **IMPAHLA YEXABISO IYONKE** | | **1,270** | 714 |
| **IIMFANELO** | | | |
| ***Iimfanelo ezikhoyo*** | | | |
| Urhwebo kunye nezinye iintlawulo 4 | | **22** | 54 |
| **ZIZONKE IIMFANELO** | | **22** | 54 |
| **IMPAHLA YEXABSIO EKHOYO** | | | |
| Umncono okhulisiweyo | | **1,248** | 660 |
| **IYONKE IMPAHLA YEXABISO EKHOYO** | | **1,270** | 714 |

**ILIFA LEMVELI LENTSHONA KOLONI**
**IINGXELO-MALI YONYAKA**
**ophele kweyoKwindla 2012**

**INGXELO YENDLELA YOKUSEBENZA KWEMALI kunyaka ophele ngowama-31 kweyoKwindla 2012**

| Amanani ngeeRandi | ***Amanqaku*** | **2012 R'000** | 2011 R'000 |
|---|---|---|---|
| **INGENISO** | | | |
| Ekhutshelweyo nenkxaso-mali eyamkelweyo | 5 | **1,380** | 400 |
| Enye ingeniso yokusebenza | 5 | **75** | - |
| Ingeniso eyinzala | 5 | **47** | 55 |
| **IYONKE INGENISO** | | **1,502** | 455 |
| **INKCITHO** | | | |
| Imirhumo yamalungu | 9 | **(567)** | (557) |
| Iindleko zolawulo | 8 | **(56)** | (72) |
| Imirhumo yophicotho-zincwadi | 6 | **(150)** | (99) |
| Ezinye indleko zokusebenza | 10 | **(141)** | (263) |
| **IYONKE INKCITHO** | | **(914)** | (991) |
| **INTSALELA/(INTSILELO) YONYAKA** | | **588** | (536) |

**ILIFA LEMVELI LENTSHONA KOLONI**
**IINGXELO-MALI YONYAKA**
**ophele kweyoKwindla 2012**

**INGXELO YEENGUQU KWIMALI EKHOYO kunyaka ophele ngowama-31 kweyoKwindla 2012**

| Amanani ngeeRandi | **Umncono okhulisiweyo R'000** | Iyonke imali ekhoyo R'000 |
|---|---|---|
| **Umncono ngomhla woku-1 kuTshazimpuzi 2010** | **1,203** | 1,203 |
| Ukulungiswa kwesiphene | **(7)** | (7) |
| **Njengoko kuchaziwe** | **1,196** | 1,196 |
| Intsilelo yonyaka | **(536)** | (536) |
| **Zizonke iinguqu** | **(536)** | (536) |
| **Umncono ngomhla woku-1 kuTshazimpuzi 2011** | **660** | 660 |
| Intsalela yonyaka | **588** | 588 |
| **Zizonke iinguqu** | **588** | 588 |
| **Umncono ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2012** | **1,248** | 1,248 |

**ILIFA LEMVELI LENTSHONA KOLONI**
**INGXELO-MALI YONYAKA**
**ophela ngowama-31 kweyoKwindla 2011**

**INGXELO YOKUNGENA NOKUPHUMA KWEMALI kunyaka ophele ngowama-31 kweyoKwindla 2012**

| Amanani ngeeRandi | **Amanqaku** | **2012 R'000** | 2011 R'000 |
|---|---|---|---|
| **Ukungena nokuphuma kwemali kwimisebenzi eyenziwayo** | | | |
| Imali ezinkozo eyamkelweyo | | **1,424** | 400 |
| Imali ezinkozo ehlawulwa kubanikezeli benkonzo nabaqeshwa | | **(946)** | (1,005) |
| Imali efunyenwe/esetyenziswe emisebenzini | 7 | **478** | (605) |
| Inzala efunyenweyo | | **47** | 55 |
| Ukungena / ukuphuma kwemali ezinkozo ekhoyo evela kwimisebenzi | | **525** | (550) |
| **Ukunyuka / ukuhla kwemali ekhoyo ngokwenkozo nemali ethelekelelweyo** | | **525** | (550) |
| Imali ezinkozo nemali ethelekelelweyo ukuqala konyaka | | **714** | 1,264 |
| **Iyonke imali ezinkozo nemali ethelekelelweyo ekupheleni konyaka** | 2 | **1,239** | 714 |

## AMANQAKU KWIINGXELO ZEMALI ZONYAKA ophele ngowama-31 kweyoKwindla 2012

## 1. IMIGAQO-NKQUBO YOKUNIKWA KWENGXELO

### 1.1 Ukunikezelwa kweeNgxelo zeMali

Iingxelo zemali zilungisiwe ngokuhambelana nale migaqo-nkqubo ilandelayo, ethe gqo ukusetyenziswa ngazo zonke iindlela, ngaphandle kokuba kuboniswe enye into.Nangona kunjalo, apho kufanelekileyo yaye kunentsingiselo, ingcaciso eyangezelelweyo ibhengeziwe ukwandiswa uncedo lweeNgxelo zeMali nokuhambelana kunye nemfuno ezisemthethweni zoMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, onguNombolo 1 we-1999 (njengoko uhlonyelwe ngoMthetho wama-29 we-1999), kunye neMithetho yeCandelo leMali ekhutshwe ngokuhambelana noMthetho.

#### 1.1.1 Isiseko solungiselelo

Ingxelo zemali zilungisiwe ngokuhambelana nemigangatho esebenzayo yeMisebenzi yokuNikwa kweNgxelo ngokuBanzi (GRAP) kubandakanywa naziphi na iinkcazelo, izikhokhelo nemiyalelo ekutshwe yiBhodi yeMigangatho yokuNikwa kweNgxelo.

Iingxelo zemali zilungisiwe phantsi kwembali yemvumelwano yendleko njengoko ibhengeziwe kwimigaqo-nkqubo engasezantsi yokunikwa kwengxelo.Imigaqo-nkqubo yokunikwa kwengxelo ethiwe thaca apha ngasezantsi isele isetyenzisiwe ngokufanelekileyo kuyo yonke iminyaka yokunikezelwa kweengxelo zemali, ngaphandle kokuba kuchazwe enye into.  Imigangatho yeGRAP efanele eli candela ze yamkelwa inje ngoku kulandelayo:

| INombolo yeGRAP | Inkcazelo | INombolo yeGRAP | Inkcazelo |
|---|---|---|---|
| GRAP yoku-1 | Ukuthiwa thaca kweeNgxelo zeMali | GRAP ye-11 | Izivumelwano zokwakha (njengoko zihlaziyiwe ngowama-2010) |
| GRAP yesi-2 | IiNgxelo zokuNgena nokuPhuma kweMali | GRAP ye-12 | Uluhlu lwempahla (njengoko luhlaziyiwe ngowama-2010) |
| GRAP yesi-3 | IMigaqo-nkqubo yokuNikwa kweNgxelo, kweMali neeMpazamo, iiNguqu kuThelekelelo lokuNikezelwa | GRAP ye-13 | Ingqeshiso (njengoko ihlaziyiwe) |
| GRAP yesi-4 | Impembelelo yeNguqu kuMlinganiselo wokuTshintshwa kweMali yamanye aMazwe | GRAP ye-14 | IMisitho emva koMhla wokuNikwa kweNgxelo |
| GRAP yesi-5 | Iindleko zemboleko | GRAP ye-16 | Utyalo-mali kwiPropati (njengoko luhlaziyiwe ngowama-2010) |
| GRAP yesi-6 | IiNgxelo zeMali ezimanyanisiweyo nezahlukanisiweyo | GRAP ye-17 | IPropati, Iziko loshishino neZixhobo |
| GRAP yesi-7 | Utyalo-m ali ezimanyaneyo | GRAP ye-19 | Izibonelelo, amaTyala anokwenzeka kunye neMpahla enokubakho |
| GRAP yesi-8 | Inzala yeNkampani eziHlangeneyo | GRAP ye-100 | Impahla engasasetyenziswayo egcinelwe ukuthengiswa nemisebenzi eyekiweyo (njengoko ihlaziyiwe ngowama-2010) |

| | | | |
|---|---|---|---|
| **GRAP yesi-9** | Ingeniso evela kwiNtengiselwano yokuTshintshwa kweMali | **GRAP ye-101** | ULimo |
| **GRAP ye-10** | Ukunikwa kweNgxelo yeMali kuQoqosho yokuhla nokunyuka kwamaxabiso (njengoko ihlaziyiwe ngowama-2010) | **GRAP ye-102** | Impahla engabambekiyo |

Imigaqo-nkqubo yokunikwa kwengxelo elungiselelwe intengiselwano yempahla, iminyhadala okanye imiqathango engabandakanywanga kwimigangatho yeGRAP eyamkelweyo iphuhlisiwe ngokuhambelana nemihlathi 7, 11 kunye ne-12 yeGRAP yesi-3. Le migaqo-nkqubo yokunikwa kwengxelo kuye nezibhengezo ezisebenzayo zisekwe kwiMigangatho yokuNikwa kweNgxelo yeCandelo likaRhulumente weLizwe (IPSAS) kunye neeNgxelo zoMzantsi Afrika eeNdlela zokuNika iNgxelo ezaMkelekileyo ngokuBanzi (GAAP), kubandakanywa naziphi na na iinkcazelo zeeNgxelo ezinjalo ezikhutshwe yeBhodi yeeNdlela zokuSebenza zokuNikwa kweNgxelo.

Ulungiselelo lweengxelo zemali zokuhambelana neemfuno zolawulo zeGRAP ukulungiselela ukwenza izigwebo, uthelekelelo kunye nezenzo ezithe zibe nempembelelo kumiliselo lwemigaqo-nkqubo kunye nezixa-mali ezichaziweyo zemali kunye namatyala, ingeniso nenkcitho.Uthelekelelo kunye nezenzo zisekwe kumava embali kunye neminye imiba ekukhokelelwa ukuba noko yamkelekile phantsi kwezi meko, imiphumela ethi yenze isiseko sokuba kwenziwe izigwebo ezimalunga namaxabiso empahla namatyala angekabonakali avela kweminye imithombo.Imiphumela eyiyo inakho ukwahlukana nolu thelekelelo.

Uthelekelelo kunye nezenzo ezisekeleyo ziyahlaziywa ngokuqhubeka. Uhlaziyo kuthelekelelo lokunikwa lwengxelo luyaqwalaselwa enyakeni apho uthelelekelo luthi luhlaziywe ukuba ngaba uhlaziyo luchaphazela kuphela loo nyaka okanye kunyaka wohlaziyo kunye neminyaka yexesha elizayo ukuba uhlaziyo luchaphazela iminyaka emiyo neyexa elizayo.

### 1.2.1 Imigangatho engekasebenzi ngelixa lokunikwa kwengxelo

Imigangatho yeGRAP enokuthi yamkelwe kwangethuba:

| | |
|---|---|
| **GRAP yama-21** | Ukunciphisa iMpahla engavelisi mali |
| **GRAP yama-23 *** | Ingeniso evela kwiNtengiselwano engeyiyo eyoTshintsho (iiRhafu nokuKhutshelwa) |
| **GRAP yama-24** | Ukunikezelwa kweNgcaciso yoHlahlo Lwabiwo-mali kwiiNgxelo zeMali |
| **GRAP yama-26** | Ukunciphisa iMpahla evelisa imali |
| **GRAP ye-103** | IMpahla yeLifa leMveli |

***I GRAP 23 yamkelwa kwangethuba.**

IMigangatho yeGRAP enokuthi isetyenziswe xa kuphuhliswa imigaqo-nkqubo yokunikwa kwengxelo:

| | |
|---|---|
| **GRAP yama-25** | Izibonelelo zoMqeshwa |
| **GRAP ye-104** | Izixhobo zeMali |
| **GRAP ye-105** | Ukukhutshelwa kwemisebenzi phakathi kwamacandelo aphantsi kolawulo olunye |
| **GRAP ye-106** | Ukukhutshelwa kwemisebenzi phakathi kwamacandelo angekho phantsi kolawulo olunye |
| **GRAP ye-107:** | Ukuhlanganiswa |

IMigangatho eyamkelweyo yeGRAP ekungadingeki ukuba amacandelo enze isicelo:

- **I GRAP 18:** Ukunikwa kwengxelo ngesahlulo

Abalawuli baqikelela ukuba ifuthe lokumilisela le migangatho alisayi kuba nafuthe kushishino.

**1.1.3** Ingxelo yokungena nokuphuma kwemali kunokuqulunqwa kuphela ngokuhambelana nendlela ethe ngqo.

**1.1.4** Ingcaciso ethe ngqo inikezelwa ngokwahlukeneyo kubume bengxelo, ngoku hlobo:

(a) ezamkelweyo ezivela kwintengiselwano engaveli kutshintsho lwemali kubandakanywa iirhafu kunye nokhutshelo;
(b) intlawulo yeerhafu nokukhutshelweyo;
(c) norhwebo kunye nezinye intlawulo ezivela kwintengiselwano engaveli kutshintsho lwemali.

### 1. 2 Ukunikezelwa kwemali yeLizwe

Imali yelizwe esebenzayo yeli shishini yiRandi yoMzantsi Afrika.Ezi ngxelo zemali zonyaka zinikezelwe ngeRandi yoMzantsi Afrika. Zonke izixa-mali zisiwe kwiwaka leerandi (1000) elikufutshane.

### 1.3 Inkxalabo eqhubekayo

Ezi ngxelo zemali zilungiswe kwisiseko senkxalabo eqhubekayo.

### 1.4 iiMali zamaZwe angaPhandle

Iintengiselwano zilawule ngeemali zamazwe angaphandle eziguqulelwe ngomlinganiselo olawulayo wotshintsho ongomhla wentengiselwano. Izinto zemali ezilawulwe ngemali zamazwe angaphandle eziguqulelwe ngomlinganiselo olawulayo wotshintsho ongomhla wokunikwa kwengxelo.Ingeniso okanye ilahleko evela kutshintsho ihlawuliswa kumncono/kwilahleko.

### 1.5 Ingeniso

Ingeniso ilinganiswa ngexabiso elifanelekileyo kwingcamango eyamkelweyo.Ingeniso ijongwa xa mhlawumbi kukho izibonelelo zoqoqosho lwexa elizayo okanye ikhono lenkonzo iya kuqukuqela kwishishini xa isixa-mali sengeniso sinakho ukulinganiswa ngentembeko, ze iinqobo ezisesikweni ezithe ngqi zifezekisiwe ukulungiselela imisebenzi yoshishino.Ingeniso evela ekunikezeleni iinkonzo ibonakale kumncono okanye kwilahleko, engumlinganiselo ngenqanaba lokuqukunjelwa kwentengiselwano kumhla wokunikwa kwengxelo.

Isixa-mali asithathwa njengomlinganiselo othembekileyo de izehlo ezinokuthi zenzeke zibe nokusonjululwa.

#### 1.5.1 Ingeniso evela kwintengiselwano engenalo utshintsho lwemali

##### 1.5.1.1 Izibonelelo-mali ezingenamiqathango

Umnikelo ongaxhomekekanga yingeniso ebonakalayo kwingeniso xa umnikelo uthe wamkelwa.

##### 1.5.1.2 Isibonelelo-mali esinemiqathango nokufumanekayo

Ingeniso eyamkelweyo evela kwiminikelo enoxhomekeko, kwizipho kunye nenkxaso-mali ibonwa njengengeniso ukuba ngaba ishishini lithe lahambelana nazo naziphi iinqobo ezisesikweni, kwimiqathango okanye izigunyaziso eziqulathwe kwizivumelwano. Ukuze kuma ngoku iinqobo ezisesikweni, imiqathango okanye izigunyaziso azithanga zihlanganiswe, ityala liyabonakala.

Inzala eyamkelweyo kutyalo-mali ithathwa ngokuhambelana nemiqathango yomnikelo.Ukuba ngaba uhlawulwe kumntu onikelwayo irekhodwa njengenxalenye yetyala yaye, ukuba akunjalo, ibonwa njengenzala eyamkelweyo kwiNdlela yokuSebenza kweNgxelo yeMali.

Iminikelo ethi ibuyekeze ishishini ngeendleko either lazithwala ibonwa kumncono okanye ilahleko lwisiseko esilungiselelweyo kule minyaka minye apho kubonakele ezi ndleko.

#### 1.5.1.3 Iinkonzo ezinikezelwa ngaphandle kwentlawulo kodwa zixhomekeke kwimiqathango ethile

IiNkonzo ezinikezelwa ngaphandle kwentlawulo ngabantu kumacandelo, kodwa zisenokunikenzelwa kuxhonyekekwe kwimiqathango.Abasebenzi becandelo likarhulumente banikezela inkxaso exabisekileyo kwicandelo ukuze ifezekise iinjongo zalo; nangona kunjalo, inkonzo enikezelwayo ayinakulinganiswa nokuthembekileyo yaye ngoko ayinikwa ngqwalasela kwingxelo yendlela yokusebenza kwemali okanye kwingxelo yobumeo bemali.
Uhlobo lwenkonzo lubhengezwe kumanqaku eengxelo zemali, namaqela anxulumeneyo.

### 1.5.2 Ingeniso evela kwintengiselwano yokutshintshwa kwemali

Ingeniso efunyenweyo evela kwinzala yotyalo-mali kunye neakhawunti yetshekhi yebhanka.

## 1.6 Inkcitho

### 1.6.1 Intengiselwano yemali yempahla namatyala

Amatyala ayacinywa xa athe achongwa njengahlawulweyo.Amatyala acinyiweyo anyinwe kwisixa-mali somncono ogcniniweyo kunye/okanye kwinkcitho engaphantsi kwizixa-mali ebezabiwe.Ukucinywa kwenzeka ekupheleni konyaka okanye xa kufumaneke izixa-mali.Akukho sibonelelo senziweyo ukulungiselela izixa-mali ezingahlawulwanga kodwa izixa-mali zibhengezwe njengenqaku elibhengeziweyo.

Yonke enye ilahleko iboniswe xa isigunyaziso sinikezelwe ukulungiselela ukuqwalaselwa ngoko.

### 1.6.2 Inkcitho engenaziqhamo neyilahleko

Inkcitho engenaziqhamo neyilahleko ibonwa njengempahla kuBume beNgxelo yeMali de kube lelo xesha njengoko inkcitho ifunyanwa ngayo kumntu lowo unoxanduva okanye icinyiwe njengengafumanekiyo kwiNgxelo yeNdlela yokuSetyenziswa kweMali.

### 1.6.3 Inkcitho engalungeleliswanga

Inkcitho engalungelelwaniswanga ibonwa njengenkcitho kwiNgxelo yokuSebenza kweMali.Ukuba ngaba inkcitho ayixolelwa ngugunyaziwe ofanelekileyo ithatyathwa njengempahla de iphinde ifumaneke okanye icinywe njengengafumanekiyo.

### 1.6.4 Ezikhutshelweyo nenkxaso-mali

Ezikhutshelweyo nenkxaso-mali ibonwa njengenkcitho xa ugunyaziso lokugqibela ukulungiselela intlawulo ifakwa kwinkqubo (kungadlulanga umhla wama-31 kweyoKwindla kunyaka ngamnye).

### 1.7 Impahla yeXabiso

#### 1.7.1. Izixhobo zemali

Izixhobo zemali yeshishini zahlulwe ngamacandelo njengempahla eyimali okanye engamatyala.

#### 1.7.1.1 Impahla eyimali

Impahla eyimali yiyo nayiphi na eyimali ezinkozo okanye ilungelo ngokwesivumelwano lokufumana imali ezinkozo. Ishishini linezi ntlobo zilandelayo zempahla eyimali njengoko iboniswe kwingxelo yobume bemali okanye kumanqaku akhoyo apho:

- Urhwebo kunye nokunye okufunyenweyo
- Imali ezinkozo nothelekelelo lwemali ezinkozo

Ngokuhambelana ne IAS 39.09, impahla yemali yeshishini ihlelwa njengangoku kulandelayo kula macandelo amkelwe ngulo mgangatho:

| Uhlobo lwempahla eyimali | Uhlelo ngokuhambelana ne IAS 39.09 |
|---|---|
| Urhwebo kunye nokunye okufunyenweyo | Amatyala nezamkelweyo |
| Imali ezinkozo nothelekelelo lwemlai ezinkozo | Amatyala nezamkelweyo |

#### 1.7.1. 2 Iimali-mboleko nezamkelweyo

Iimali-mboleko nezamkelweyo ibonwa kuqala njengeendleko, emele ixabiso elifanelekileyo.Emva kokufunyanwa kuqala, impahla eyimali ilinganiswa ngendleko yokuhlawula amatyala ngemali ebekelwe oko, kusetyenziswa indlela yenzala esebenzayo kuthatyathwa isibonelelo esilungiselelwe ukunciphisa.

Zibandakanywe kwimpahla ekhoyo, ngaphandle kwezo zivuthwa kwisithuba esingaphezulu ezili-12, ezihlelwe njengempahla engeyiyo eyangoku.

#### 1.7.2 Amatyala emali

Ityala lemali luxanduva lwesivumelwano sokunikezela ngemali ezinkozo okanye enye impahla yemali kwelinye ishishini.Amatyala emali eshishini lurhwebo kunye nezinye iintlawulo ezibonisiwe kubume bengxelo yemali kunye namanqaku akhoyo apho.

Kukho amacandelo angundoqo amabini amatyala emali, uhlelo lusekwe kwindlela yokulinganiswa. Amatyala emali anakho ukulinganiswa:

- Ngexabiso elifanelekileyho lomncono ongaphezulu okanye ilahleko; okanye
- Indleko yokuhlawula amatyala ngemali ebekelwe oko.

Amatyala emali athi alinganiswe ngexabiso elifanelekileyo ngokusetyenziswa komncono ongaphezulu okanye ilahleko achazwe kwixabiso elifanelekileyo, kunye nayiphi na ingeniso evelileyo okanye ilahleko eboniswe kwiNgxelo yeNdlela yokuSebenza kweMali. Naliphi na ityala lemali elilelinye kufuneka lihlelwe njengamatyala emali angalinganiswanga kwixabiso elifanelekileyo ngomncono okanye ilahleko yaye alinganisiwe kwasekuqaleni kwixabiso elifanelekileyo, imlai yentengiselwano yeendleko. Amanye amatyala email athi alinganiswe kamva ngendleko yokuhlawula amatyala ngemali ebekelwe oko kusetyenziswa indlela esebenzayo yenzala, kunye nenzala yenkcitho ebonwa kwiziseko zemveliso ezisebenzayo.

### 1.8 Uthelekelelo Olubalulekileyo Lokunikwa kweNgxelo kunye neziGwebo

Ishishini lenza uthelekelelo kunye nezenzo eziphathelele kwixa elizayo.Uthelekelelo lokunikwa kwengxelo lunomphumela, ngenkcazelo, ongena kulingana kunye nemiphumela enxulumene nokukuko. Uthelekelelo nezigwebo ziyahlelwa ngokuqhubeka yaye zisekwe kumava embali neminye imiba, kubandakanywa okulindelweyo kwiminyhadala yexa elizayo ethi kukholelwe ekubeni yefanelekileyo phantsi kwezi meko.Uthelekelelo kunye nezenziso ezinengozi ebonakalayo yokwenza ulungelelwaniso kwizixa-mali zempahla namatyala aya kubonakala kunyaka-mali olandelayo zixoxwe apha ngasezantsi.

### 1.8.1 Izibonelelo ezilungiselelwe ukunciphisa ezifunyenweyo

Uthelekelelo olulungiselelwe ukuncitshiswa kokufunyenweyo lwenziwa xa ukuqokelelwa kwesixa-mali esipheleleyo kungasalindelwe.Isibonelelo esilungiselele ukunciphisa ityala siya kubalwa kokufunyenwe kurhwebo kuphela.Isibonelelo soncitshiso olupheleleyo kwishishini siya kubalwa mhlawumbi ngumntu onetyala okanye ubuncinane ngecandelo lengozi.

### 1.8.2 Amatyala azenzekelayo

Uthelekelelo olulungiselelwe amatyala azenzekelayo lwenziwa xa ishishini linoxanduva lwasemthethweni ngenxa yomphumela weminyhadala edlulileyo, kuyathelekelelwa ukuba ukukhutshwa kwezibonelelo kuya kudinga ukuhlawulwa kwezibonelelo, yaye uthelekelelo oluthembekileyo lwezixa-mali zoxanduva lunakho ukwenzeka.

### 1.9 I-Vat Nokukhululwa Okungakho

Ishishini alinalo ilungelo lokubhalisa njengomthengisi weVAT. Nangona kunjalo, ukuba nasiphi na isixa-mali sifunyenwe esithi sinike ilungelo ishishini lokukukhululwa okunokwenzeka isicelo esinjalo siya kungeniswa.

**ILIFA LEMVELI LENTSHONA KOLONI**
**INGXELO-MALI YONYAKA**
**ophele ngowama-31 kweyoKwindla 2012**

| Amanani ngeRandi | 2012 R'000 | 2011 R'000 |
|---|---|---|
| **2. Urhwebo nezinye ezamkelweyo** | | |
| Urhwebo nezinye ezamkelweyo | **31** | - |
| | **31** | - |

Urhwebo nezamkelweyo zihlelwa njengemali-mboleko nezinye ezamkelweyo. Isixa-mali sorhwebo nezinye iintengiselwano ezamkelweyo zilinganiswa nexabiso lazo elilungileyo.

| | | |
|---|---|---|
| ***3. Imali  ezinkozo nezilinganiso zemali*** | | |
| Imali ezinkozo nezilinganiso zemali ziqulathe: | | |
| Umncono osebhankini | **1,239** | 714 |
| | **1,239** | 714 |

**Ubume bemali ezinkozo ebhankini kunye needipozithi zethuba elifutshane, kungabandakanywa imali ezinkozo ekhoyo**
Imali ezinkozo kunye nezilinganiso zemali zibandakanya imali ezinkozo kunye notyalo-mali lwexesha elifutshane, egcinwe kumaziko abhalisiweyo ebhanka nokuvuthwa kwayo kweenyanga ezintathu okanye ngaphantsi yaye kuxhonyekekwe kwingozi yomlinganiselo wenzala ebonakalayo.  Isixa-mali esikhoyo sale mali silinganiswa nexabiso laso.

| | | |
|---|---|---|
| **4. Urhwebo nezinye iintlawulo** | | |
| Iintlawulo zorhwebo | **-** | 1 |
| Izongezelelo | **22** | 53 |
| | **22** | 54 |

Urhwebo kunye nezinye iintlawulo zihlelwa njengetyala lemali. Ixabiso lorhwebo kunye nezinye iintlawulo zentengiselwano ezilingana nexabiso lazo.

| | | |
|---|---|---|
| **5. Ingeniso** | | |
| **Ingeniso evela kwintengiselwano engaveli kutshintsho** | | |
| Ukukhutshelwa nenkxaso-mali eyamkelweyo | **1,380** | 400 |
| Enye ingeniso yokusebenza – Imbuyekezo: Imirhumo yophicotho-zincwadi | **75** | - |
| **Ingeniso evela kwintengiselwano evela kutshintsho** | **47** | 55 |
| Ingeniso yenzala | | |
| | **1,502** | 455 |

**ILIFA LEMVELI LENTSHONA KOLONI**
**INGXELO-MALI YONYAKA**
**ophele ngowama-31 kweyoKwindla 2012**

| Amanani ngeRandi | **2012 R'000** | 2011 R'000 |
|---|---|---|
| **6. Imirhumo yophicotho-zincwadi** | | |
| Uphicotho-zincwadi lwangaphandle | **150** | 99 |
| | **150** | 99 |
| **7. Imali ezinkozo evelisiweyo evela/esetyenziswe emisebenzini** | | |
| Intsalela/ (Intsilelo) phambi kwerhafu | 588 | (536) |
| Ulungelelwaniso: | | |
| Inzala eyamkelweyo | **(47)** | (55) |
| **Iinguqu kwinkunzi yokusebenza** | | |
| Urhwebo kunye nezinye ezamkelweyo | **(31)** | - |
| Urhwebo kunye nezinye iintlawulo | **(32)** | (14) |
| | **478** | (605) |
| **8. Iindleko zolawulo** | | |
| Ukonwabisa | **47** | 62 |
| Amaphepha okubhala noshicilelo | **8** | 9 |
| Imirhumo yeBhanka | **1** | 1 |
| | **56** | 72 |
| **9. Imirhumo yamalungu** | | |
| Gq. J Almond | **9** | 14 |
| Nksk. M Attwell | **19** | 6 |
| Gq. N Baumann | **9** | 14 |
| Mnu F Brown | **3** | 7 |
| Gq. M Burden | **19** | 18 |
| Gq. S Chickure | **3** | 3 |
| Gq. P Classen | - | 14 |
| Nksk. S De Gois | **42** | 30 |
| Nksk J Deacon | **8** | 17 |
| Mnu D  Der Heever | **-** | 19 |
| Mnu P Fefeza | **27** | 21 |
| Mnu A Gierdien | **-** | 20 |
| Mnu D Grootboom | **-** | 12 |
| Gq M Guma | **-** | 10 |
| Mnu D Halkett | **16** | 17 |
| Mnu D Hart | **-** | 1 |

**ILIFA LEMVELI LENTSHONA KOLONI**
**INGXELO-MALI YONYAKA**
**ophele ngowama-31 kweyoKwindla 2012**

| **Amanani ngeRandi** | **2012 R'000** | 2011 R'000 |
|---|---|---|
| Mnu T Hart | **17** | 5 |
| Mnu R Joshua | **54** | 32 |
| Mnu S Joyi | **-** | 9 |
| Mnu C le Fleur | **-** | 12 |
| Nksz M Leslie | **51** | 12 |
| Mnu P Louw | **17** | 13 |
| Mnu R Summers | **14** | - |
| Gq. A Malan | **8** | 18 |
| Nksk. Z Manzana | **9** | 14 |
| Nksk. N Mkunqwana | **-** | 10 |
| Gq. P Pether | **2** | 5 |
| Mnu Q Lawson | **7** | - |
| Mnu L Raymond | **-** | 19 |
| Nksk. L Robinson | **22** | 16 |
| Mnu R Robinson | **16** | 11 |
| Njing. J Sealy | **5** | 5 |
| Nksk. M Steenkamp | **10** | 20 |
| Mnu T Thorold | **23** | 36 |
| Njing S Townsend | **66** | 43 |
| Nksk. S Winter | **65** | 33 |
| Nksk. M Wolters | **26** | 21 |
| | **567** | **557** |

| **10. Enye inkcitho yokusebenza** | | |
|---|---|---|
| Indleko zokuhamba nokuxhasa ngemali | **58** | 77 |
| Abacebisi, iikontilaka nekhefu elilodwa | **4** | 48 |
| Iindleko zokupapasha | **35** | 36 |
| Upapasho | **30** | 15 |
| Uguqulelo nokukhutshelwa | **-** | 4 |
| Iinkonzo zothutho lwempahla | **5** | 11 |
| Imathiriyeli yokulolonga | **-** | - |
| Izixhobo ezingaphantsi kwama-R5000 | **-** | 4 |
| Imirhumo yezomthetho | **9** | 68 |
| | **141** | 263 |

| **Amanani ngeRandi** | **2012 R'000** | 2011 R'000 |
|---|---|---|

**11. Amaqela anxulumeneyo**

**Ubudlelane**

| | |
|---|---|
| Abaxhasi ngemali abaphambili | ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo |
| Iqabane leqhinga | IKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni |
| Iqabane leqhinga | IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni |
| Umxhasi ngemali okwinqanaba lesibini | ICandelo loLawulo-mali |

## Uhlobo lobudlelane

Amagosa eSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo eNtshona Koloni azalisekisa imisebenzi yolawulo enxulunyaniswa neLifa leMveli leNtshona Koloni.

Ishishini lizinze kwisakhiwo seSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo yaye linelungelo lokusebenzisa impahla yalo kunye nenkonzo yokhuseleko enikezelwa liSebe loKhuselo loLuntu.

ICandelo loLawulo-mali leSizwe lixhasa ngemali imirhumo yophicotho-zincwadi leLifa leMveli leNtshona Koloni.

**Iintengiselwano ezinxulumene neqela**

**Ingeniso eyamkelweyo evela kumaqela anxulumeneyo**

| | 2012 | 2011 |
|---|---|---|
| ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo | 1,380 | 400 |
| ICandelo loLawulo-mali | 75 | - |

**12. Iziphene zeminyaka engaphambili**

Iziphene zeminyaka engaphambili zachazwa kwakhona zaze zanomphumela ovela kwingcaciso entsha efunyenweyo ze yathatyathelwa ingqalelo kulungiselelo nonikezelo lweengxelo zemali zonyaka wama-2010 / 11. Ingxelo ngokutsha yeziphene zonyaka ongaphambili zibe nomphumela kolu lulungelelwaniso lulandelayo:

**Izinto eziphenjelelweyo kwiNgxelo zeNdlela yokuSebenza yeMali:**

| | **2010/11** | **Zichazwe** | **Inguqu eSebenzayo** |
|---|---|---|---|
| Ukuncitshiswa kwenkcitho | 998 | 991 | (7) |

**Izinto eziphenjelelweyo kwiNgxelo zeNdlela yokuSebenza yeMali:**

| | **2010/11** | **Zichazwe** | **Inguqu eSebenzayo** |
|---|---|---|---|
| Ukuncitshiswa kwiiakhawunti ezihlawulweyo | 61 | 54 | (7) |

### 13. Ulawulo lomngcipheko

#### Umngcipheko kwezeMarike

Imisebenzi yequmrhu ilibeka emngciphekweni wemali ngeendlela ezahlukeneyo: umngcipheko kwezemarike (ingozi yomlinganiselo wenzala, ingozi yomlinganiselo enzala kukungena nokuphuma kwemali), umngcipheko wokungena ematyaleni nokungabinayo imali yokuhlawula amatyala.

Iqumrhu alikho mngciphekweni kwezemarike, ngenxa yokuba kufuneka lihlawule elinamatyala kubo kwisithuba seentsuku ezingama-30 emva kokufumana i-invoyisi, njengoko kuchaziwe kwimithetho yecandelo lemali kunye nePFMA.

#### Ingozi yokungabi nayo imali yokuhlawula amatyala

Ingozi yokungabinayo imali yokuhlawula amatyala yingozi yokungabinakho ukuhlangabezana nezigunyaziso zemali njengoko zisemva ngokuhambelana neemfuno zokuboleka, ishishini liqinisekisa ngento yokuba iingxowa-mali ezaneleyo zikho ukuhlangabezana neembophelelo zalo zemali ezilindelweyo nezingalindelwanga. Zonke iiakhawunti ezinomncono ezingahlawulwanga ezilindeleke ukuba zihlawulwe kwisithuba seentsuku ezingama-30 zomhla ekunikwe ingxelo ngawo.

#### Uphicotho olubuthathaka

Ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2011, ukuba ngaba umlinganiselo kwenzala kwizixhobo zomlinganiselo wemali oguquguqukayo ubuyi-1% phezulu / ezantsi kunye nazo zonke iinguqu ezimileyo, umncono emva kokutsalwa kwerhafu ngonyaka ubuya kuba zi-R12, 390 phezulu / ezantsi.

#### Ingozi yomlinganiselo wenzala

Ubume bengozi yeshishini buqulathe umlinganiselo wamatyala asisigxina nangazinzanga kunye nemincono yebhanka ethi ivelisele ishishini umlinganiselo wexabiso lenzala elifanelekileyo kunye nomlinganiselo wengozi kwinzala yemali ephumayo nengenayo yaye unakho ukushwankathelwa njengoku kulandelayo:

**Imali**

Urhwebo kunye nezinye ezamkelweyo ngomlinganiselo osisigxina.Ulawulo lulawula ingoazi yomlinganiselo wenzala ngokuzama ukufumana umlinganiselo ononcedo kumatyala omlinganiselo ongazinzanga yaye, apho kunakho, kusetyenziswe amatyala anomlinganiselo omiyo.

Ulawula ngokunjalo lunomgaqo-nkqubo wokuthelekisa inzala kumatyala empahla kunye nenzala ehlawulwa kumatyala.

**ILIFA LEMVELI LENTSHONA KOLONI**
**INGXELO-MALI YONYAKA**
**ophele ngowama-31 kweyoKwindla 2012**

**Ingozi yomlinganiselo wenzala kwimali engenayo nephumayo**

| Isixhobo semali | Ekhoyo | Elindelwe ukuba ingene ngaphantsi konyaka omnye | Elindelwe ukuba ingena kwiminyaka emibini | Elindelwe ukuba ingena kwiminyaka emibini ukuya kwiminyaka emithathu | Elindelwe ukuba ingena kwiminyaka emithathu ukuya kwiminyaka emine | Elindelwe ukuba ingene emva kweminyaka emine |
|---|---|---|---|---|---|---|
| Imali ezinkozo ekhoyo Amaziko eebhanki | | 1,239 | - | - | - | - |
| Urhwebo nezinye | | | | | | |
| Iintlawulo– isithuba esongezelelweyo setyala | | (22) | - | - | - | - |
| Isixa-mali sisonke | | 1,217 | - | - | - | - |
| Ityala elingabelwanga mali | | - | - | - | - | - |

**Ingozi yetyala**

Ingozi yetyala ibhekiselele kwingozi enokuthi umntu lowo asilele ukufezekisa izigunyaziso zesivumelwano, ze kube nomphumela welahleko yemali kweli shishini.Ishishini lamkele umgaqo-nkqubo wokujongana kuphela nokufaneleka kokunikwa ityala kwamaqela.

Ingozi yetyala iqulathe ikakhulu iidipozithi zemali, uthelekelelo lwemali, izixhobo zokuyilwa kwemali kunye nabanamatyala orhwebo. Ishishini lidipozitha imali ezinkozo kwiibhanka eziphambili ezinobume betyala obukwiqondo eliphezulu kunye nonyino lokuveliswa nakuliphi na iqela.

Akudluliswanga kumatyala abe ekhutshiwe ngalo nyaka wokunikwa kwengxelo, yaye ulawulo alulindelanga nayiphi na ilahleko kula maqela angasebenzi kakuhle.

**Ukuchanatywa kwiqondo eliphezulu kwingozi yetyala**

Ishishini alizange lichanatywe kwingozi yetyala ngokubhekiselele kumatyala nezifunyenweyo ukulungiselela isithuba esiphantsi kovavanyo.

**14. Ulungelelwaniso phakathi kohlahlo lwabiwo-mali nengxelo yokungena nokuphuma kwemali**

Ulungelelwaniso lomncono/wetyala kuhlahlo lwabiwo-mali kunye nemali ezinkozo eveliswe yimisebenzi, lutyalo-mali nemisebenzi yezemali:

| Inkcazelo | Ukuse-benza R'000 | Ukuxhasa ngemali R'000 | Utyalo-mali R'000 | IYonke R'000 |
|---|---|---|---|---|
| Isixa-mali esisiso njengoko sinikezelwe kwingxelo yolwabiwo-mali | - | - | - | **-** |
| Isiseko seyantlukwano | (1) | - | - | **(1)** |
| Isithuba seyantlukwano | 526 | - | - | **526** |
| Isixa-mali esisoso esikwingxelo sokungena nokuphuma kwemali | 525 | - | - | **525** |

## 4. ULAWULO LWEZABASEBENZI

### 4.1 iiNtlanganiso zeBhunga le-HWC kunye neeKomiti

**IBhunga leLifa leMveli leNtshona Koloni**

IBhunga leLifa leMveli leNtshona Koloni latyunjwa nguMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo isithuba seminyaka emithathu, ukususela ngomhla wesi-5 kweyeThupha 2010, emva kwenkqubo yokutyunjwa luluntu ngokuhambelana nesibonelelo soMthetho. Oku kulandele kweyeThupha 2011 kubekho sisiqalelo sonyaka wesibini weofisi weBhunga.

### 4.2 Ukwenziwa koMsebenzi

Imisebenzi yolawulo yeBhunga leLifa leMveli leNtshona Koloni yenziwe ngamagosa atyunjiweyo akwingqesho yeSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo leNtshona Koloni, njengoko kuvunyelwene phakathi kweBhunga leLifa leMvelo leNtshona Koloni kunye noMEC, njengoko ethiwe thaca kuMthetho we-10 kwiSaziso sePhondo esingunombolo 336 ze wapapashwa *kwiGazethi yePhondo* 5937 yomhla wama-23 kweyeDwarha 2002. Imisebenzi ekufuneka yenziwe ibandakanya, kodwa ingaminywanga:

(a) kuchongo nophando kwilifa lemveli nezibonelelo zelifa lemveli;

(b) kulawulo lweqhinga;

(c) kukhuselo nolawulo lwezibonelelo zelifa lemveli;

(d) kulawulo lwezicelo zamaphepha-mvume;

(e) kwinkxaso yemali nolawulo;

(f) kwiinkonzo zomabhalane kwiBhunga leLifa leMveli leNtshona Koloni kunye neeKomiti zalo; kunye

(g) nokusekwa nokulolongwa kweenkcukacha zolwazi ezikwikhompyutha nezinye izibonelelo.

Uluhlu lwezikhundla zabasebenzi ezamkelweyo ezilungiselelwe lo msebenzi luqulathe izithuba ezamkelweyo ezilishumi elinesithandathu (16).Ekupheleni kwalo nyaka-mali, izithuba ezamkelweyo ezilishumi elinesine (14) zazaliswa ngabasebenzi abasigxina zaze ezibini zanabasebenzi bethutyana.

Unoxanduva ngokuhambelana nolawulo lwemali lweLifa leMveli leNtshona Koloni lusemagxeni eGosa lalo eliPhezulu leMali, elabelana ngalo namanye amashishini karhulumente (iKhomishoni yeNkcubeko yeNtshona Koloni neKomiti yoLwimi yeNtshona Koloni) kunye neSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo.Icandelo elizimiseleyo leNkxaso yamashishini kaRhulumente linika ingxelo ngqo kwiGosa eliPhezulu leMali.

# 5 ENYE INGCACISO

## 5.1. Izifinyezo

Izifinyezo ezilandelayo zisetyenzisiwe kule ngxelo:

| | |
|---|---|
| APM | IKomiti yeNzululwazi ngzakudala, yeMfundo ngezidalwa zamandulo neNzululwazi ngemo yezulu |
| BELCom | IKomiti yoBume boKwakha neMbonakalo yoMhlaba |
| CEO | IGosa eliLawulayo eliyiNtloko / UGunyaziwe oNika iNgxelo |
| CMF | IsiCwangciso-nkqubo soLawulo loLondolozo lweNdalo |
| DRCom | IKomiti yoVavanyo lweziBhengezo |
| ExCo | IKomiti eLawulayo |
| HWC | ILifa leMvelo leNtshona Koloni |
| IACom | IKomiti yoVavanyo lweMpembelelo |
| NHRA | UMthetho weZibonelelo zeLifa leMveli weSizwe (uMthetho wama-25 we-1999) |
| RoD | IRekhodi yesiGqibo |
| SAHRA | IArhente yezibonelelo zeLifa leMveli yoMzantsi Afrika |
| SRCom | IKomiti yoHlolo lweeMvavanyo |

Kwasekuqleni kwalo kweyeDwarha 2002, iLifa leMveli leNtshona Koloni lenze inkqubela phambili engumangaliso ngokubhekiselele kumiliselo loMthetho weZibonelelo zeLifa leMveli leSizwe. Uxanduva lwalo oluphambili lusala likukuqwalasela izicelo ngokuhambelana namacandelo awahlukeneyo eSahluko II soMthetho weZibonelelo zeLifa leMveli weSizwe (uMthetho wama-25 we-1999).Ngokubhekiselele kwisivumelwano sezibonelelo kuthi kumile ukhuseleko olutsha olutsha yaye sisebenza ngokubhekiselele kuchongo nolawulo lweziboneleo zelifa lemveli ezikwiGreyidi III ngentsebenziswano noomasipala nemibutho yolondolozo lwendalo. Kwinqanam eliminyiweyo uzama ngokunjalo ukukhuthaza ulondolozo lwelifa lemveli kunye neendawo ezithile zelifa lemveli zephondo.

## 5.2 Uluhlu lweeNkcukacha zoQhagamshelwano

| | |
|---|---|
| Andrew.Hall@westerncape.gov.za | 0214839544 |
| Christina.Jikelo@westerncape.gov.za | 0214839682 |

## 5.3 Ingcaciso eyongezelelweyo

Ayikho